

MALUKHANYE NGOKUNJALO

UKHANYISELO LWENU

PHAMBI KWABANTU

 Le yinto nje engalindelekanga kum njengokuba injalo nakuni. Ndiyehla...Ndimele ndivume ukuba ndidlale indima yomhanahanisi. Ndiyeza kade kancinane. Ndithe, “UMzalwana uNeville uzakube eshumayela xa ndifika phaya, ke akasayi kuthetha nelizwi kum. Uya kuhamba phambili.”

² Xana ndingena emnyango, uBilly wathi kum, wathi, “UMzalwana uNeville sele eshumayela. Ufike ngexesha.”

Ndathi, “Kulungile.”

³ Ndangena, wathi, “andikaqalisi ukushumayela. Ndivele ndalinda.”

⁴ Ke ndacinga, “Ke, mhlawumbi, ndingakwazi...” Ndiyayazi yena...indlela ekuyiyo ukushumayelwa, kabini okanye kathathu ngemini, kuyakudinisa. Siyayazi loo nto. Ingakumbi xana besebatsha njengokuba sinjalo, uyazi, naba bafana baselula a—abangathathi xesha lide. Ke ngahlobo luthile sihlange, njengabazalwana, kwaye ngahlobo luthile sihlanganise amagxa ethu kunye, neentliziyi zethu kunye, iingcamango zethu kunye, ukuze sisebenze kunye, sisebenzela uBukumkani bukaThixo.

⁵ Kwaye sithanda ukuba kunye nani. Iyinto e—iyinto entle kakhulu. Ngoko ndicele nje iNkosi ukuba indinike umxholo omncinane phaya, into ethile eyenye, uhlobo lokuqalisa. Andazi ukuba ndizakuthini okwangoku, kodwa nje saqalisa, kuze emva koko naphina apho Asikhokelela khona. Kuyinyani ukuba si...

⁶ Kwakufanele ukuba ndiqalise intlanganiso yeentsuku ezintandathu eFairbanks, Alaska, yeshumi elinesihlanu, ukuqala ngeyeshumi elinesihlanu. Kodwa andicingi ukuba ndiza kukwazi ukuya apho ngeli xesha, kuba ndinelinye idinga endiya kulo, phaya eBritish Columbia. Ngoko ke andicingi ukuba ndiyakukwazi ukunyuka ngeli xesha. Kananjalo, bafuna ukuququzelela isahluko sosomashishini, aMadoda angooSomashishini abangamaKristu.

⁷ Ngokuqinisekileyo ndiyanicenga kwaye ndinqwenela ukuba nithandazele iintlanganiso ezizayo esizama ukuzilungiselela ngoku. Kwaye bendinesimemo, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, sento ethile evakale ilungile kum. Kwaye andazi

nokuba yiNkosi na kuyo okanye hayi; Kuya kufuneka ndilinde kwaye ndifumanise. Oosomashishini babefuna ukuba ndiye ePhoenix, ngoJanyuwari, kwaye ndiye kulo lonke ibandla, ubusuku obunye, kuso sonke isixeko sasePhoenix, kuze ngoko sibe nendibano emva koko. Oko kuvakala kunomdla, kum, ngokuba yayiza kunika i—ithuba lokuba ndithethe kumabandla nakubo bonke abalungiseleli.

⁸ Ngokwesiqhelo, abantu bacinga, xana malunga nam, ngokuba ndibetha kakhulu imibutho, okokuba ndichasene namadoda akumbutho. Andikuko oko, akunjalo. Ndiyawaxhasa amadoda.

⁹ Kufana nje nokuba ndibone indoda isihla ngomlambo apha ngesikhephe, kwaye eso sikhephe besizele kukuvuza, kwaye ndandiyazi loo nto, kwaye ndisazi ukuba isikhephe eso sasingenakukwazi ukuphumela kwiingxangxasi ezantsi phaya. Bendiya kukhwaza kwaye ndisigxeka eso sikhephe, nje ngamandla kangangokuba ndinaganakho, kodwa hayi indoda esikhepheni. Ndigxeka isikhephe. Ndiyazi ukuba isikhephe asizukuphumela. Kwaye ndiyazi ukuba umbutho awuyi kuyenza. Kodwa ndiyazi ukuba amadoda alapho azakuphumela, ukuba nje ningohlika. Yabona?

¹⁰ Kodwa kufana nokuba unemoto endala kwaye unyuka intaba, kwaye bendiyazi xana uqala ukwehla kwelinye icala wawungenaziqhoboshi. Bendingayi kuchasane nendoda, ndiyayikhwaza, asiyyo, yimoto ekuyo; izakwenzakala.

¹¹ Kwaye oko kumalunga nemibutho. Ndinga ukuba abantu ababambelele kuloo mibutho, ngokungathi nguThixo ngoKwakhe, kwaye balishiya iLizwi likaThixo, ukuze nje babambe umbutho. Ke, xana besenza loo nto, ndiyoyika ukuba baza kwenza impazamo ebalulekileyo. Kwaye asikokuba ndinayo nantoni ngokuchasane nendoda, kodwa sisikhephe ekhwele kuso, yabona, ndiqinisekile ukuba asizukuphumela. Umbutho awusokuze uphumela, kodwa uKristu uya kukwenza. Ngoko phuma nje ngaphandle—ngaphandle kwesikhephe esivuzayo sombutho, uye kwiNqanawa yaseZiyon ekhuselekileyo, iNqanawa endala engazange yasilela ukumisa ngexesha, uKristu.

¹² Kwaye oku kuku, cinga, ingandinika ithuba, ndifumane ukuthetha nalo madoda.

¹³ Ngoku, ndacinga, mhlawumbi. . . Ngobu busuku, bubusuku bomthendeleko. Kwaye ndiyeva ukuba baye baba nobhaptizo, baza kuba nolunye. Ndiyathanda ukwehla ndize ku—kumthendeleko. Ndiwuphosile kwixesha eligqithileyo, ekubeni ndingekho apha. Ndiwuphosile. Kwaye bendisazi ukuba le ibiyiCawe yokuqala, ke ndenze amalungiselelo okuba lapha, ukuze ndibe kumthendeleko ngobu busuku.

¹⁴ Kuba ngenene ndicinga ukuba ngumsebenzi wawo wonke umKristu ukuthatha umthendeleko. IBhayibhile yathi, “Ukuba anithanga nikuthabathe oku, aninasabelo naM.” Kwaye ndiyakholwa ukuba li—lixesha lamanqam kumaKristu. Ukuba asithabathi, asinasabelo naYe. Kwaye ukuba siyawuthabatha, ngokungafanelekanga, ngoko sinetyala loMzimba nokufa kukaKristu. Ngoko ifikelela kwindawo apho igcina umKristu ethandazile, xana esiza kumthendeleko. Simelwe kukuza ngentlonipho, ngokundilisekileyo, ngokunyulu, sinyuka, sivuma zonke iziphoso zethu, sithandazelana. Hayi kuphela oko, kodwa kufuneka sizive... Ukuba kukho umzalwana okanye udade phakathi kwethu, esiziva ngathi uphumile emgceni kwindawo ethile, iintliziyi zethu zifanele ukuba zibe nomthwalo ngenxa yaloo mntu ngobusuku bomthendeleko, ingakumbi, ukubabona, ukuze babe nako ukunyuka baze bathabathe umthendeleko, bangagwetywa kunye nehlabathi. Kuba, bangabazalwana noodade bethu.

¹⁵ Ngoku, kwezi veki zimbawo zidlulileyo, ezimbini okanye ezintathu, iiveki ezimbini, zisiya kwezintathu, andikhange ndenze ukuthetha okungako ukubakukhulu. Nje bendiphumle. Kuba eli lixesha lokuphumla elincinane kum, phambi ko—kokutyhala okukhulu.

¹⁶ Ukuva uMzalwana uNeville ethetha ngezi ngqikelelo phakathi kwabezopolitiko namadoda anokuqonda ngenene ezo zinto, malunga nemfazwe ye athom ekufuphi, iya kuqhubeka ukusukela ngoDisemba ukuya kuJanyuwari. Ewe, yona nje... Oko kulungile. Bayakuyibhengeza, kwaye bayiqalise, kwaye emva koko iibhombu eziliqela, kwaye oko kuyakuyisombulula. Ngoko isizwe asinakusinda kwimfazwe ye athom. Asingekhe nje sikwazi. Kodwa oko akumothusi umKristu, okanye akufanelanga ukuba kumothuse umKristu. Sifanele ukuba silungile nangawuphi na umzuzu, silindele iNkosi yethu ukuba ifike. Kwaye, owu, amaxesha amaninzi, yabona, ezi...

¹⁷ Le ayishicilelwanga kwiteyiphu, ilapha nje ekhaya. Akukho teyiphu, ngoko akufuneki ubukele into oyithethayo, malunga nokuya komnye umntu, okanye njalo njalo. Ngabantu basekhaya nje kuphela.

¹⁸ Ndikuxelela into ebendiyenza. Bendisiya kuzingela onomatse. Kwaye, kodwa, khange ndenze kakuhle kakhulu. Akukho bonomatse abaninzi kakhulu. Kwaye ndiya e-Alaska ngoku, ndizingela iigusha.

¹⁹ Kwaye mhlawumbi abanye abantu banokuthi, abantu abaninzi, awunakuyithetha loo nto eteyiphini okanye into ethile, kuba baninzi abantu abangakholelwa ekuzingeleni, konke konke. Kwaye, kodwa, bendihlala ndiqaphela, ngabo abangakholelwayo ekuzingeleni, baphathele nje isuntswana lenyama, baneliseke kakhulu yiyo, uyabona.

²⁰ Kwaye njengenenekazi, ngaxesha lithile, landixelelayo. Lathi, “Mzalwana uBranham, ufuna ukundixelela ukuba—ukuba uzingela imivundla?”

²¹ Ndathi, “Ewe, mama.” Ngoku, andithethi ngomphefumlo oxabisekileyo. Uye wahamba.

²² Laze lathi, “Owu, kuyintlekisa oko. Akufunekanga udubule loo mivundla.” Ke ngoko, kwakungekho... Ixesha lonyaka lalingekapheli de kwa eli nenekazi likwalinye lathi, “Ungandiphathela isibini saloo mivundla?” Lathi, “Zezona zinto zilungileyo endakha ndazitya.”

Ndathi, “Ke, ndicinga ukuba yiloo nto endiyibiza ngayo ‘inkcubeko.’” Yabona?

Kwaye umntu othile wathi, “Ingaba uthetha ukuthini?”

²³ Ndathi, “Ela nenekazi linenkcubeko.” Ndathi, “Inkcubeko ngumntu ongenasibindi ngokwaneleyo sokubulala umvundla, kodwa angawudla emva kokuba ubulewe ngomnye umntu. Ke ndicinga ukuba oko koko—oko koko obunokubiza ‘inkcubeko.’” Owu, mna ndi... Andi...

²⁴ Ndingumgcini wendalo. Andikholelwa ekubulaleni nasekwenzeni inkcitho. Ndifundisa inkwenkwe yam, bona abazingela nam, “Ungaze uthathe nantoni na ngaphandle kokuba ulungiselela ukuyidla.” Yabona? Yiyike. Musa ukudubula intaka nje ukujolisa. Yabona? Akulunganga oko. Fumana into ekujoliswe kuyo, uyimise phaya phandle udubule kuyo. Uzakusidla isilwanyana, ngoko, sabekwa apha ngaloo njongo. Kwaye ukwenza inkcitho, kufana nje nokuchitha nantoni na enye. Akulungile ukuyenza loo nto, dubula izilwanyana—ukwenzela ukujolisa.

²⁵ Kwaye xana ndisiya ezintabeni, bahlobo, asikuko kangako ukunyukela phaya ukwenzela “ukuya kuzingela.” Ndiya phaya ukuze ndibe ndedwa noThixo. Abanye benu, ukuba niyakuqaphela, awona mava am maninzi endinawo, kuxa ndiphumile ndisiya kuzingela, xana ndihlangana noThixo.

²⁶ Kuwo onke amava am, andizange ndibe nalo nalinye njengokuba bendikhe ndanalo ngenye intsasa, kanye phezulu apha, ndisiya kuzingela onomatse. Ndizibonile izinto ezininzi ebomini bam, imiqondiso nezimanga, nanjalo njalo. Kodwa oko kwandichukumisa ngakumbi kunayo nantoni na endakha ndanayo. Khawufane ucinge ngoku, nje malunga nexesha lokuqhekeka kwemini, kunetha, kukho amafu aqinileyo kuyo yonke indawo, kwaye ndibone kumi phambi kwam, kunyuka, njengendebe ehleli endulini, kuhleli apho, iminyama emithathu inyuka ibheka phezulu, ude ube ndindisholo wonke ude ungakwazi nokuthetha. Ngoko sondela kuYo, kwaye umve Ethetha kwaye eqinisekisa kwa lo Myalezo owushumayelayo, ukuba uyiNyaniso. Yabona?

²⁷ Wathi, “UYesu weTestamente eNtsha nguYehova weNdala. Watshintsha nje isigqubuthelo Sakhe.” Ke, ndahlala, ndifundisisa oko. Ndifumanisa, kwa elo gama linye, apho Yena “watshintsha ubuso Bakhe,” ngesiGrike, lalithetha ukuthi, “etshintsha isigqubuthelo sakhe.” Hayi ngokuchanekileyo *isigqubuthelo* Sakhe, kodwa eSakhe “isingqumi buso.” Kwafika kwindawo Awathi “ukuguqulwa,” yabona, oko kuthetha ukuba Yena “wayitshintsha indlela Yakhe.” WayenguThixo, uYehova. Kwaye uThixo, uYehova, waZiguqula esuka kuMoya waba nguMntu. UsekwanguYehova uThixo. Ntoleyo, *lowo* yayinguYise, kwaye *lo* nguNyana, ekwanguMntu omnye.

²⁸ Kwaye indlela, ngoko, aWandinika into yokuthetha. INkosi ithandile, ndijonge ukuba kwakuloo mthi mnye, kusasa, malunga nokukhanya kwemini. Kwaye nam—ndiyathemba ukuba Uya kubonakala kum kwakhona. Ndi—ndiyathemba ukuba Uyakwenza, ukuze ndazi into emandiyenze. Ndinomthwalo entliziyweni yam ngenxa yabantu. Njengoko ndibona iyure isondela kwaye ndiyazi ukuba abantu abakakulungeli, kwaye uninzi lwabantu endibathandayo, Andazi ukuba ndenze ntoni okanye ndithini. Kwaye ndiya kunyuka ndibone oko Ayakundixelesa kona. Ke yibani semthandazweni ngenxa yam.

²⁹ Emva koko ndiyemka, ngomso emva kwemini okanye kusasa ngoLwesibini. Umzalwana apha ebandleni, kunye nam, siyahamba siya eBritish Columbia. Kwaye ndiza kuphuma kunye ne—neqela labalungiseleli bobuPentekoste. Luxhaswe ngemali, uhambo, alundibizi nepeni enye. Kwaye baluxhasa ngemali uhambo kwaye bafumana umkhokeli. Kwaye umkhokeli ngumzalwana wobuPentekoste ozaliswe nguMoya oyiNgcwele. Kwaye ngoko ndinabantu abathile ukuba babhaptiza eGameni leNkosi yethu uYesu Kristu, abanye ababambisi kunye—kunye nezinto ngelixa ndiphezulu phaya, ababambisi baseNorway njalo njalo, abathe ba, ngezi teyiphu ziphumileyo, babona ukuKhanya, kwaye bafuna ukuba ndibabhaptizele eGameni likaYesu Kristu.

³⁰ Kwaye intloko yoMbutho wabaLungiseleli baseBritish Columbia, Ndiza kudibana naye ngorhatya lwangoMgqibelo ozayo ePine Lodge eDawson Creek, eBritish Columbia. Kwaye ulambeke kwaye unxanelwe ukubhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu.

³¹ Ke, uyabona, ayikokuzingela kwaphela, zihlobo. Ndifuna ukubhaptiza lo mkhokeli, naye wonke umshumayeli ohamba nam ngeli xesha, eGameni likaYesu Kristu. Ndithandazeleni. Yabona? Nto leyo, ndiyazi ukuba iyinyani, iyenza intliziyo yam ilambeke kwaye inxanelwe ukubona uThixo.

³² Ngoku, phambi kokuba sisondele eLizwini, andizukuthatha ixesha lenu elininzi, nje ukufundisa intwana yeSibhalo esithile,

side sibe nako ukufumana indawo, ukufumana apho sinokuya khona ukuthandaza. Kwaye ukufumana . . .

³³ Ndiyakholwa ukuba umntu othile umi apha. [UMzalwana uBranham uyanqumama njengoko umntu ethetha ebandleni—Mhl.] Ndi—ndi, ndixoleleni, ingaba umntu osondele kancinci kakhulu oyithethileyo? Andikhange ndive nje oko umzalwana . . . [Umntu othile uthi, “Ufuna ukuba unikezele umntwana wakhe.”] Nikezele umntwana wakhe? Ngokuqinisekileyo, mzalwana wam. Ewe, mhlekazi. Mzise umntwana wakho kanye. Siya kukuvuyela ukwenza oko.

³⁴ Kwaye, ngoku, mna—ndiyakholelwa kule nto. Ngoku, ukuze ndibe nokucacisa ebantwini phambi kokuba beze.

³⁵ Ingaba uMzalwana u-Arnold ukhona? UTeddy? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Kulungile. Ukuba uza kwipiyano yethu.

³⁶ Ngoku, abantu abaninzi bafefa ezi ntsana zincinci, kwaye bakubiza ngokuba lubhaptizo lweentsana. Ngoku, ukuba ibandla lakho liyakwenza oko, oko, kulungile. Kodwa, uyabona, ukuba bayakwenza, lucwangco lwebandla. Ayisiso iSibhalo. ISibhalo asikuxhasi ukubhaptiza okwakho ukuze- . . .

³⁷ ISibhalo asikuxhasi ukuphehlelela, nangaluphi uhlobo. Akukho namnye owakha waphehlelelwa, eBhayibhileni. Babe, wonke umntu, wabhaptizwa ngokuntywiliselwa eGameni likaYesu Kristu.

³⁸ Kodwa, ngoku, iintsana, eBhayibhileni, bazizisa kwaye bazinikezela eNkosini. Bazisa abantwana abancinane babanikezela eNkosini, babanikela ezingalweni zeNkosi uYesu.

³⁹ Konke kulungile, dade, zisa umntwana wakho omncinci. Kwaye nabaphi na abanye, banabantwana babo abancinane, abafuna ukuba banikezelwe, ngokuba, siyakuvuya ukuyenza loo nto, siyenze ibe yinkonzo yokunikezelwa kweentsana zethu ezincinci. Ngoku, uYesu, eSibhalweni, i . . .

⁴⁰ Ngoku, kweli bandla lilapha, sixube imibutho yazo zonke iintlobo. Abanye babo, amaProtestanti, abanye amaKatolika, kwaye banawo kwa namaJuda angenayo apha, ngamaYuda oMthetho lawo. Eso sisizathu sokuba sizibize ngokungqongqo “abasebenzisana namahlelo onke.”

⁴¹ Kwaye ngoku, ukuze uqonde, siyazama, kwe—kweli bandla, ukuba sibe libandla leSibhalo, ukuhlala nje neBhayibhile. Naphi na apho iBhayibhile ithetha nantoni na, silandela loo nto kanye ngolo hlobo. Ngoku, ibandla lokuqala, nawo onke amaKristu nani balungiseleli niyakuvuma ukuba Le yimbali yeBandla lokuqala. Sonke siyakwazi oko. Oko koko kanye okwenzekayo.

⁴² Bendithetha nompristi, umpristi ongumKatolika uhlala apha phezulu endleleni, kutshanje. Kwaye wathi, “Mnu. Branham,” wathi, “ingaba wena u—ungongenguye umKatolika okanye ungumProtestanti?”

Ndathi, “UmProtestanti.”

Wathi, “Emva koko uyasiqhankqalaza.”

⁴³ Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Andiqhankqalazi—qhankqalazi bantu, li—ibandla, imfundiso yebandla.”

Wathi, “Ingaba, ngoko, uzibiza ngokuba ungumBhaptizi okanye umRhabe?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Nje umKristu.”

⁴⁴ Waze wathi, “Ke, kuphi apho ubumba khona uhlobo lwakho lwemfundiso? Ukuze ube ngumKristu, kuya kufuneka ube nesiseko sokwenza imfundiso.”

Ndathi, “Leyo yinyaniso.” Ndathi, “YiBhayibhile.”

“Ke,” wathi “leyo yimbali yebandla lamaKatolika.”

Ndaze ndathi, “Ke, ingaba oko, abapostile babengamaKatolika?”

Wathi, “Ewe, mhlekazi.”

⁴⁵ Ndathi, “Kulungile. Ndiza kuvuma ukuba oko kulungile.” Yena... Ndathi, “Ngoko kutheni na ukuba ningahlali nikunye neSibhalo?”

⁴⁶ Ke, “Uyabona, uKristu wanika ibandla amandla okuguqula iSibhalo nangaliphi na ixesha elifuna ukwenza njalo.”

⁴⁷ “Ke,” Ndathi, “emva koko niSitshintshile, kwaye nafumana oko ninako namhlanje?”

Wathi, “Ewe, mhlekazi.”

⁴⁸ Ndathi, “Emva koko, ndifuna ukubuza into. Ngoko uKristu akafanelanga kukholiswa ngaSo, ngokuba phezu kweBandla lokuqala Wagalela uMoya oyiNgcwele. Baphilisa abagulayo, kwaye bavusa abafuleyo, baza bakhupha iidemoni, kwaye benza imimangalisano emikhulu, yamandla, phantsi kweMfundiso yeCawa yokuqala yamaKatolika. Kwaye ayizange ibonwe kwicawe yamaKatolika ukusukela oko batshintsha iMfundiso.”

⁴⁹ Ngoku, masibuyele emva kwaye sibe yicawa yokuqala yamaKatolika. Masibuyele emva kwaye sibe yiloo nto iBhayibhile yayitshilo into ababeyiyo. UKristu wahamba nabo. Eso sisizathu, zihlobo, esizama ukungagwebi naliphi na ibandla, nabaphi na abantu emabandleni, kodwa sizama ukuyigcina kanye njengokuba isitsho iBhayibhile.

⁵⁰ Ngoku, eBhayibhileni, akuzange kubekho lusana lwakha lwabhaptizwa. Akuzange kubekho mntwana wafefwayo, naphi na eBhayibhileni. Kodwa nantsi indawo eBhayibhileni, yathi, “Bazisa abantwana kuYesu, ukuze abeke izandla phezu kwabo, abasikelele.” Kwaye Wathi, “Bavumeleni abantwana beze kuM, ningabaleli, kuba ubuKumkani bukaThixo bubobanjalo.” Ngoku yinyani kanye leyo. Ngoku, ke ngoko, sizisa abantwana abancinci kwaye sibanikele ukusuka ezingalweni zikamama,

okanye uyise, kuBawo wethu waseZulwini, kwaye sibanike ekunikezeleni, kubo bonke ubunzulu bokunyaniseka.

⁵¹ Abantwana bam, ndinababini, okwangoku, abangazange babhaptizwe okwangoku, ngokuba bebesandula ukunikezelwa. Ndinosana eBuqaqawulini, olwanikezelwayo nje, lungabhaptizwanga.

⁵² Ngokuba, ubhaptizo lolokuxolelwa kwezono, yabona, ukubonisa ukuba uguqukile. Olo sana alwenzanga nto lokuyiguqukela. Lusana, olusandula kuzalwa apha emhlabeni. Alunamandla ngokuza kwalo apha, yabona, kwaye alinazono. Xana uKristu wafayo emnqamlezweni, wafa ukuze asuse isono sehlabathi. Lude olu sana lwenze into yokuyiguqukela, iGazi likaYesu Kristu lenza isicamagushelo.

⁵³ Kodwa ngoku unina noyise, abazali, banelungelo lokuzisa usana, baze balunikele balubuyisele kuThixo, usana olwalunikezelwe kubo nguThixo.

⁵⁴ UHana etempileni. Wathembisa. Wayeludlolo. Wayemdala. Wayengenabantwana. Wathandaza ngokunyanisekileyo esibingelelweni, de umbingeleli waphuma waza wamtyhola ngokunxila. Wayekhala kwaye elila, esibingelelweni, ukuba uThixo amnike usana. Kwaye wathi, “Thixo, ukuba Uyakundinika usana, ndiya kulubuyisela kanye kule ndawo kwaye ndilunike Wena.”

⁵⁵ Bomama, leyo yindlela enilufumana ngayo usana lwenu. UThixo akunike usana lwakho. Kanye injengokuba Wanika uHana usana lwakhe. Kwaye ngoku nibuyisela iintsana zenu ngobu busuku, etempileni, kanye njengokuba uHana wenzayo kuSamuweli omncinane, naye, kwinkonzo yonikezelo. Ngoku, sinikezela kwaye sibuyisele usana lwakho, ngomthandazo, kuThixo Owulunikezela kuwe. Kwaye ndiyathandaza ukuba la makhwenkwe namantombazana ami apha ngobu busuku, aya kuba ngabaprofeti nabaprofetikazi, njengoSamuweli, wakudala, eNkosini, leyo nibabuyisela kuyo.

Ngoku, ukuba abaphulaphuli bayakuthoba iintloko zabo okomzuzwana nje.

⁵⁶ Thixo onothando nofefe kakhulu, sisondele kwitrone Yakho yobabalo nenceba, ngale yure, kwisizukulwana esiza emva kokuba simkile. Aba bafo bancinci bemileyo, kwaye babambile—bababambile. Bebebanjiwe, ngobu busuku, ezingalweni zoomama babo kunye neengalo zooyise. Bayimbewu yogqatso lwangomso. Ukuqinisekisa ukuba bafumana isiqalo esilungileyo, aba mama notata bazisa aba bancinci apha ukuze banikezelwe, ukunikela ubomi babo obuncinane kuThixo ophilileyo.

⁵⁷ Bawo, umalusi kunye nam sihambela phambili apha, size sinikele aba bantwana kuWe ngomthandazo wokunikezela. Basikelele, Bawo wethu. Siyathandaza ukuba Uyakubasikelela,

babe ngabakhonzi Bakho abancinane. Banga bangaphila ubomi obude, ubomi bovuyo apha emhlabeni, baze babone uKuza kweNkosi uYesu. Hayi kuphela oko, banga bangaphila ubomi obude, obusempilweni, obonwabileyo, babe zizicaka Zakho. Wanga Ungabakhokela. Wanga Ungenza abashumayeli, iimvumi, abavangeli, iimishinari, ukwenzela ingomso, kwaba bantwana, ukuba kukho ingomso elizayo. Siphe oko, Nkosi. Siyakubanikezela kuWe ngokungcono esikwaziyo ukuba njani na, ngokweSibhalo Sakho othe Wasishiyila sona, iLizwi eliNgcwele.

⁵⁸ Ntoleyo, ibhalwe kwiNcwadi yokugqibela yeBhayibhile, “UThixo uyakususa eNcwadini yoBomi, ngenxa yaloo ndoda iyakususa iLizwi elinye kuLe, okanye yongeze igama elinye kuYo.” Siyaqonda, ngoko, ukuba iBhayibhile iliLizwi elingcwele likaThixo. Kwaye asinako ukongeza into enye kuYo, okanye sisuse into enye kuYo. Ngoko ke, Nkosi, siYishiya kanye ngendlela Osinike ngayo, kwaye siYifundise, kwaye sizame ukuYiphila, ngobabalo Lwakho.

⁵⁹ Njengoko, sinikezela aba bantwana, njengoko babazisa kuYesu kwiintsuku ezidlulileyo. Ukuba Ebelapha emhlabeni ngobubusuku, ekwimo yenyama, aba mama nootata bebeyakugxalathelana ukuya ezinyaweni Zakhe, baze babazise abo bancinane. Kwaye Ebeya kubeka izandla Zakhe phezu kwabo, abasikelele. Uhleli ngasekunene kobungangamsha Phezulu, ngobu busuku, Nkosi Yesu. Kwaye sishiywe apha, njengesicaka Sakho. Siyakubeka izandla zethu phezu kwabo, emthandazweni kuWe, ukuze Uthabathe ubomi babo obuncinane ubusebenzisele uzuko Lwakho. EGameni likaYesu Kristu, siyakucela. Amen.

(Bangenise.)

⁶⁰ Unaye omncinci? Ngubani igama lakhe? uJohn. Ifani, dade? [UMama uthi, “Meyer.”—Mhl.] Meyer. Owu! Lo nguJohn Meyer omncinane, omncinane esikhe sathandaza ngaye, ngenye imini. Nanku ekho, kunye nathi, ngobu busuku.

Masithobeni iintloko zethu.

⁶¹ Nkosi Yesu, njengomalusi Wakho nam simi kunye eGameni Lakho, sithabatha ezingalweni zalo mama, le mveku ilusana, kunye noyise ojongileyo. Ngolindelo olukhulu kulo mncinci, kwimihla ezayo. Ngoku ndinikela lo John Meyer mncinane kuWe, Nkosi, ukwenzela inkonzo Yakho. EGameni likaYesu Kristu, simnikela kuThixo. Amen.

⁶² UThixo akusikelele. UThixo amsikelele omncinci. Mgcine onwabile, abe yi...?...

⁶³ Ekugqibeleni yade yafika. Ndinga ukuba ubunomfo omncinane apha izihlandlo ezimbini okanye ezintathu, kodwa bendingayazi. Ngubani igama lakhe? [UMama uthi, “Elisabeth Collins.”—Mhl.] Elisabeth Collins. Konke kulungile. Ndiyamazi

mna; uyakuliwisa. Ndiyayazi. Yabona? Kodwa u-Elisabeth Collins omncinci.

Masithobe iintloko zethu.

⁶⁴ Bawo oseZulwini, yenza lo omnye uHana omncinane. Menze isicaka seNkosi. Msikelele. Sikelela uyise nonina, kwelabo—kwelabo ikhaya. Kwaye wanga angaphilela uzuku lukaThixo. Siphe oko, Nkosi. Sinikela kuWe, u-Elisabeth Collins, ekunikezeleni ubomi bakhe. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele.

⁶⁵ Andazi nokuba unokuphakanyiselwa eqongeni? Nguwe? Ngubani igama lakhe? [UMama uthi, “Davonna Gayle Stayton.”—Mhl.] Davonna Gayle [“Stayton.”] Stayton. Yiyo leyo. Davonna Gayle.

⁶⁶ Lo nguDavonna Gayle Stayton omncinci. Umama wakhe nabanye bangena nje ebandleni, kube ku... bamkela uMoya oyiNgcwele, babhaptizwa.

Masithobeni iintloko zethu.

⁶⁷ Bawo wethu waseZulwini, siyayincoma inkuthalo yalo mama notata omncinci, ukuza kwakhe, ngendlela anayo, kunye nenkqubela phambili ayenzileyo. Indlela othe Wasikelela ngayo ezintliziyi ziselula zithambileyo. Sinikela kuWe esi sithandwa sincinane, ukuba Usikelele ubomi bakhe obuncinane, Nkosi. Kwaye wanga angaba sisicaka Sakho. Sikelela uyise nonina, kunye. Wanga angahlala ekhuliswe kwikhaya lobuKristu, phantsi kwesiyalo sikaThixo. Simnikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁶⁸ UThixo akusikelele, Davonna Stayton omncinane. UThixo akusikelele, Mzalwana Stayton.

⁶⁹ Unjani, sithandwanyana? Yiza apha, umzuzu nje? Huh? Ndingakwazi... Angama kanye apha, ukuba uyafuna. Ngubani igama lakhe, mzalwana? [Umzalwana uthi, “uHannah.”—Mhl.] UMzalwana uCrech... Yiba mncinci... Ehe. Ungu Allen omncinci. Uthethe lula kakhulu, yabona. Ke, lo—lo nguHannah Creech omncinci. Mhlawumbi angandiyeka ndimphakamise. Uyintombazana encinci ethandekayo.

Masithobe iintloko zethu.

⁷⁰ Bawo waseZulwini, sinikela kuWe olu sana luncinci, ngoku ezinyaweni zikanina. Kwaye siyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uyakumsikelela kwaye wenze ubomi bakhe bube sisixhobo eBukumkanini Bakho. Sikelela uyise nonina. Wanga umntwana angakhuliselwa kwikhaya lamaKristu, isiluleko sikaThixo. Sibeka izandla zethu phezu kwakhe kwaye simnikezela kuWe, ubomi bakhe obutsha, ukwenzela inkonzo kuWe. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Sikelelwa, ngale ntsasa. Sikelelwa!

⁷¹ Ingaba akezi? Ngubani igama? Intoni? Don? [Umzalwana uthi, “Don...?...Bhenjamin.”—Mhl.] UBhenjamin. UBhenjamin. [“Kulungile. UBhenjamin omncinci.”] Lona nguBhenjamin...?...[“Oko kuchanile.”] Umntakwe omncinci kunye nodade.

Masithobeni iintloko zethu.

⁷² Bawo wethu waseZulwini, njengokuba sinikela kuWe esi sithandwa sincinane, sisencinci kakhulu, Nkosi, ukwazi ukuba kuqhubeka ntoni na. Kodwa Wena uyazazi zonke izinto. Siyathandaza ukuba Uyakusikelela ubomi bakhe obuncinane, Nkosi. Sikelela ikhaya lakhe. Kwaye, Nkosi, wanga lo mfo mncinane angaphila eluzukweni lukaThixo, okulungileyo, ubomi obude obonwabisayo; ukuba kunokwenzeka, abone ukuBuya kweNkosi uYesu. Siphe oko, Nkosi. Simnikela kuWe, ukwenzela inkonzo Yakho, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁷³ Kwaye leyo ibi yi...[Umntu othile uthi, “Inkwenkwe.”—Mhl.] Lowa ngumfo omncinane othandekayo. Yabona? uBhenjamin...?...Bethu, enjani ukuba nkulu inkwenkwe! Bethu!...?...Owu, bethu!

⁷⁴ Ndiye ndamjonga lo umncinci, undijonge kakhulu. Bendimbambile. Yabona? Igama? [Utata uthi, “UWilliam Davis.”—Mhl.]...?...UWilliam Davis omncinci. Ngokuqinisekileyo umfo omncinane othandekayo, kunjalo, ngakuloo mfo mncinane.

Masithobe iintloko zethu.

⁷⁵ Nkosi Yesu, sinikela kuWe, inkwenkwana encinane ethandekayo, ukwenzela inkonzo Yakho. Umama noyise abamkhulisayo, Nkosi, ukuze abe nokusetyenziselwa uzuko lukaThixo. Ngoku, ke ngoko, Nkosi, ngokufunda kwimihla edlulileyo, Wabeka izandla Zakhe phezu kwabantwana abancinci ngolu hlobo, wabasikelela. Izandla zethu zingabameli abahluphekayo beZakhe. Kodwa sicela eGameni Lakhe, kwaye sinikele olu sana kuWe, ukwenzela ubomi benkonzo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Sikelelwa!

⁷⁶ UNksk. Bowers...?...Apha, sithandwa, ungubani igama lakho? Owu, bethu! [Umntu othile uthi, “Sussie. Sussie...?...”—Mhl.] Ndingavuya ukukubamba. Uyinkwenkwe encinci elungileyo. USussie Bate omncinci.

Masithobe iintloko zethu.

⁷⁷ Bawo waseZulwini, le ntombazana incinci inamehlo aqaqambileyo...?...Ndingayazi into elele ezantsi endleleni; akukho namnye kuthi waziyo. Kodwa, utata nomama, bafuna ukuba ihlale kwindlela ethe tye necutheneyo. Kwaye isixhobo esincinane esihle ngolu hlobo, indlela angathanda ngayo

uSathana ukudlikidla. Kodwa basizisile, ukuze uSathana amke kuso. Fihla ubomi bakhe obuncinane, Nkosi, kwinkonzo eyeYakho. EGameni likaYesu Kristu siyakucela. Amen.

UTHixo akusikelele, ntombazana encinane!...?...Konke kulungile.

Bangenise, bangenise,
Bazise emasimini esono;
bangenise, bangenise,
Zisa abancinane kuYesu.

⁷⁸ Owu, njani...Ingaba awubathandi abantwana abancinci? Ukuba abantu ababathandi abantwana abancinci, kukho into engalunganga. UYesu wathi, “Ngaphandle kokuba niguquke, nibe njengomnye waba bancinane, aniyi kungena eBukumkanini.” Akukho namnye.

⁷⁹ Utata unamantombazana amabini amancinane phaya emva, ukanti, ebefuna ukuwazisa. Ndamxelela, “Bazise kanye ngaphambili.” Yabona?

⁸⁰ “Ngaphandle kokuba siguquke kwaye sifane naba bantwana bancinci.” Uyayazi intoni? Unokuzilimaza iimvakalelo zabo ezincinci. UTata nomama bayazi, ixesha elininzi baba sengxakini, babachwakaze. Ngokuba, imizuzu emibini, iingalo zabo ezincinci zikungqongile, kwaye balibale konke malunga nayo. Kwaye leyo yindlela ekufuneka senze ngayo. Akunamsebenzi nokuba kuqhubeka ntoni na, simelwe kukuba sixolele kwaye sibe nobubele, omnye komnye, kwaye—kwaye—kwaye ibe njalo, njengabantwana abancinci, uyafuna uku—ukuxolela nokulibala, kunye—kwaye njalo. Oko koko si—sifanele sikwenze. Ke ngoko xa sisenza ngolo hlobo, sisondela eBukumkanini bukaThixo ngoko.

⁸¹ Ndiyakholwa ukuba amantombazana amancinci amabini anentloni. Utata nomama kufuneka bahambe nabo. Ke, oko kulungile kakhulu. Sinjalo nje nathi. Siyawathanda amantombazana anentloni. Kunqabile kakhulu ukuba ubone omnye eno...Owu, ezi ziimvumi ezincinane. Akunjalo? Ingaba ngaba aba baculayo? Ndandicinga ukuba kunjalo. Kulungile, mhlekazi.

⁸² Ngoku, ungubani igama lakho? [Intombazana ithi, “Ruth.”—Mhl.] URute. Intle kakhulu loo nto. URuth ligama elihle kakhulu. Ndiyalithanda, ndilithanda ngokwenene. Ngoku, ngubani ifani leyo? Ingaba...[Umntu othile uthi, “Myers.”] Myers, uRuth Myers omncinane, ungomnye weemvumi zethu ezincinci apha. Ingaba ngamawele? Ziyafana kakhulu, akunjalo?

⁸³ Bawo wethu waseZulwini, sikunika le ntombazana incinci, athi uyise nonina abakaze bayinikele nangayiphi na indlela kwinkonzo nakuBukumkani bukaThixo. Sibeka izandla phezu kukaRuth omncinane, ngobubusuku, uRuth Myers omncinane, kwaye sicela ukuba Amandla kaThixo uSomandla, Othe

wamnika isiphiwo sokucula, aqhubeke emsikelela. Kwaye banga ubomi bakhe bunganikelwa kuWe, yonke imihla elapha emhlabeni. Simnikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu.

⁸⁴ Ngubani igama lodade omncinci? Loyce? Kulungile, Loyce omncinci. Bethu!

⁸⁵ Bawo waseZulwini, sibeka izandla phezu kukaLoyce omncinane, naye onetalente esemncinci, ukuba acule iVangeli. Sikelela iitalente zaba bantwana, Nkosi. Kwaye ngoku ubomi babo bunikezelwe kuWe, ngabazali babo. Kwamsinya, Nkosi, baya kuba badala ngokwaneleyo ukuba babhaptizwe. Xana beqalisa—xana beqalisa ukuqonda ukuba yintoni engalunganga, kunye nezinto, baze baqalise ukwenza okubi, ngoko bamele ukuguquka baze babhaptizwe. Lide lifike ela xesha, Nkosi, sibanikezela kuWe. Wanga ungasebenzisa iitalente zabo kuzuko Lwakho. Sebenzisa ubomi babo, baphile ubomi obude, obonwabileyo, ukuze bakukhonze Wena. Sinikezela le ntombazana incinane kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁸⁶ UThixo akusikelele. Hamba, kwaye wanga uThixo angaba nawe, kwaye ngamaxesha onke akusikelele kuyo yonke into oyenzayo.

Konke oko kulungile, Mzalwana Neville.

Owu, ndi—ndicinga nje ukuba bahle kakhulu! Ndi...

⁸⁷ Amantombazana am aya esiba makhulu ngoku, ke ngahlobo luthile kufuneka ndi...Ndandiqhele ukubabeleka. Kodwa banokuphantse bandibeleke ngoku, bakhulu kakhulu—kakhulu; UBecky, ngakumbi, intombazana enkulu kakhulu.

⁸⁸ Ngoku masivule iLizwi leNkosi, ukuya kuMateyu we-15... okanye isahluko sesi-5. Kwaye siyakufunda inxalenye nje, kwaye emva koko ndiyakutsala koku, iNkosi ithandile, itekisi encinci ngokumalunga neshumi elinesihlanu, imizuzu engamashumi amabini. Emva koko siyakuba nomthendeleko, nokuhlanjwa kweenyawo, nenkonzo yobhaptizo, iyakusithathela ukuya kutsho malunga necala emva kwentsimbi yethoba, emva koko, okanye kamva kancinci, ukuba sigqibe. Ndingathanda ukuqalisa kwisahluko se-5, kumqolo we-12.

Vuyani, *nigcobe* kunene: *ngokuba umvuzo wenu mkhulu emazulwini: kuba batshutshiswa ngokunjalo... abaprofeti ababekho ngaphambi kwenu.*

Niyityuwa yehlabathi nina: kodwa ukuba ityuwa ithe ayaba nasongo, yothi wani na ukuvakaliswa? ayisalungele nto, kuphela kukulahlelwa phandle nje, kwaye... inyathelwe phantsi kweenyawo zabantu.

Nina nilukhanyiselo lwehlabathi. Umzi omi phezu kwentaba awunakufihlakala.

Kananjalo abasibaneki abantu isibane, baze basibeke phantsi kwesitya, kodwa kwisiphatho sesibane; kwaye sikhanyisela bonke abasendlwini.

Malukhanye ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise uYihlo osemazulwini.

⁸⁹ Ndingathanda ukuthabatha u—umxholo osuka kulaa mqolo wokugqibela phaya, ongumqolo we-16: *Malukhanye Ngokunjalo Ukhanyiselo Lwenu Phambi Kwabantu.* “Malukhanye ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise uYihlo oseZulwini.”

⁹⁰ Sifumanisa, eSibhalweni, ukuba kukho iindawo ezimbini apho amadoda amabini ahlukeneyo athetha ngogwetyelo. Kwaye enye yawo yayinguPawulos, kwaye enye yayinguPetros. UPawulos oNgcwele, noPetros oNgcwele; kwaye uPawulos wayemgwebela u-Abraham ngokholo, kwaye uPetros wayemgwebela ngokwasemisebenzini. UPetros wathi wagwetyelwa ngemisebenzi yakhe. UPawulos wathi wayegwetyelwe ngokholo lwakhe. Ngoku, abaphikisananga. Babeyijonga ngeenkalo zokujonga ezimbini ezahlukeneyo. Kwaye uPawulos wayethetha ngokholo luka-Abraham, yiloo nto uThixo awayibonayo ku Abraham. Kwaye uPetros wayethetha ngemisebenzi yakhe eyayithetha ngokholo lwakhe. Ke kubhaliwe, “Ndibonise imisebenzi yakho ngaphandle kokholo lwakho, kwaye mna ndokubonisa imisebenzi yam ngokholo lwam.” Ngoku, ngoko ke, uPawulos, ekubona oko kwakuthethayo, noko kwabonwa nguThixo. Ke kaloku uPetros wayethetha oko akubonayo umntu, kwaye, kuba, ukuba umntu unokholo, uya kwenza njengalo. Ubomi bakhe buya kubonisa kwabanye.

⁹¹ Ke ndizaku, ndifuna ukuthetha kokuya, ngobu busuku, “Ukwenza ukuKhanya kwethu kukhanye.”

⁹² Ngoku, kule mizuzu imbalwa nje, andifuni kunyukela apha ukuze nje ndibonwe okanye ndiviwe. Oko bekungayi kuba kokulungileyo. Kodwa, mhlawumbi, uThixo endinceda, mhlawumbi singathetha amazwi athile kwinto enokusakha, eya kusinceda sonke, indlela esingenza ngcono ngayo kwaye siphile ubomi obungcono. Ndiqinisekile yile nto silapha sonke ukwenzela yona, kukuthabatha izilungiso nokufumana ukuqonda koko sinokukwenza ukuze sibe ngamaKristu alunge ngakumbi. Ukuba ndinento enye ebomini bam endiyinqwenelayo, kukuba ndibe ngumKristu ongcono kunokuba ndinguye. Kwaye ndiqinisekile ukuba eso sisikhalo sentliziyo sawo wonke umphefumlo olapha ngobu busuku, kukuba ube ngumKristu ongcono.

⁹³ Ngexesha elithile elidlulileyo, ndandisehla ngendlela, kwaye nda, ndiqhuba ngesantya esiphezulu, kwaye ndibukele njengoko ndiqhele ukwenza, ndedwa, ndiqhuba. Kwaye kukuqhuba ulilolo xa uqhuba wedwa. Awungekhe uvule unomathotholo, ngaphandle kokuba kukho ezinye zolu nxibelelwano lweentsapho apho unokufumana khona umculo wenkolo, kuba zonke zizinto ezinokuthi zikhuphe kwaloo Moya uphume kuwe.

⁹⁴ Kwaye naphi na apho ndiya khona, emva kokuba ndimdala kancinane, kuba, ndiphatha isixa esincinane sephepha. Kwaye xana iNkosi indityhilela into ethile, ndiyibhala phantsi. Kwaye ndikhe ndabhala kwisitokhwe sam sompu, ehlathini, ngembumbulu. Kwaye izinto ezilolo hlobo, ukufumana nje ingcamango ethi yaziswe kum. Thatha iqhekeza lethegi empahleni yam, okanye into ethile, kwaye ndibhale kuyo. Into ethile engenye, ukugcina uMyalezo engqondweni yam.

⁹⁵ Kwaye njengoko ndandiiqhuba, ukwehla ngale ndlela, ndaqaphela ibhodi yamagama enkulu entle. Kwaye ngokwesiqhelo, uyazi, banezinto ezininzi ezityatyekwe kwezi bhodi zamagama, kodwa andizange ndiziqaphele izinto ezinjalo kule bhodi yamagama ethile. Ngokuqhelekileyo banemifanekiso ya—yabafazi abanxibe isiqingatha, okanye into ethile engenye, bebhengeza uhlobo oluthile lwecuba, okanye—okanye iwiski, okanye ibhiya, okanye enye into, iibhodi zamagama ezinkulu ezikhanyayo. Kodwa ekothukeni kwam, xana ndiyithi krwaqu, yatsala umdla wam, ngokuba yayingadyobhekanga yonke ngento ethile engenye. Ukudyobheka kwakungekho kuyo. Ndaza ndajonga emva, ukuze ndibone.

⁹⁶ Yayiyibhodi entle. Kwaye ihleli kwindawo echanekileyo, apho kanye, xa ujika lekona, awunako ukuzibamba ekuliboneni uphawo. Kwaye ekumangelisweni kwam, yayinegama elinye elibhalwe ukunqamleza yona, “Ulambile?” Nje, “Ulambile?” Yiyo yonke into eyayikho. Ndaze ndaqaphela oonobumba abancinci ezantsi ebhodini, bathi, “Imayile ezintathu ngaphambili.” “Ulambile? Iimayile ezintathu ngaphambili.”

⁹⁷ Ke, ndiyaqala ukufunda malunga noko. Abantu babengekho kakhulu... Ngesiqhelo, ukuba banayo indawo yokutyela ngaphambili, ba—bazama ukugqitha omnye umfo; umfanekiso, ezinkulu iinyama ezihlizayo, nanjalo njalo. Kwaye xana ungena, uhlala ungafumani nantoni na efana nentengiso, kodwa nje i—intengiso. Kodwa oku kwakubonakala kunendlela eyahlukileyo.

⁹⁸ Kwaye siyazi ukuba usuku esiphila kulo namhlanje, kuyahlawula ukubhengeza intengiso. Kwaye sifumanisa ukuba, aba bantu abenza inkqubela enkulu kangaka kwezoshishino ba—bangamadoda amakhulu esibhengezo sentengiso. Ba—bayibeka kumabonwakude. Bayiqabe ezibhodini, naphi na apho banakho,

ukuze babhengeze intengiso iimveliso zabo. “Tshaya lena; hayi ukukhohlala emotweni enabantu.” Kwaye, “Intluzo yendoda ecingayo,” kunye nengcebiso yenye indoda, okanye into enjalo. Ye...kwaye i...“Hlala udlamkile, ixesha elide,” ngebhiya yabo. Kwaye zonke izinto ezinjalo, sisibhengezo sentengiso. Kwaye bacima irhafu eninzi yengeniso yabo, ukwenzela nje isibhengezo sentengiso. Kwaye ngokuqinisekileyo iyahlawula.

⁹⁹ Ke ukuba iyahlawula, ngenxa yoko, ndaqala ukucinga, “Ngoko kutheni ubuKristu bungahlawuli ukuba bubhengeziwe?”

¹⁰⁰ Ke, ndiye ndacinga, “Yintoni—yintoni isibhengezo sentengiso?” Kufuneka ube nento eyahluke kancinane kuleyo banayo abanye, okanye ukuba iqheleke kakhulu, njengezinto zehlabathi, ayisayi kutsala umdla wabantu. Ngoku, ukuba indoda ibikhangela inqwelo-mafutha, ngeyadlula ngaphaya kwela phawu. Kodwa ukuba yayilambile, yayiyakube ikhangela ela phawu.

¹⁰¹ Ke ndiyakholwa ukuba umKristu yibhodi yentengiso enkulu kaThixo. Ndiyakholwa ukuba ngamnye wethu uyibhodi yentengiso enkulu kaThixo. Kwaye akudingeki senze okuninzi malunga nayo, njengoko sisenza. Phila nje ubomi obunjalo obuya kwenza abantu balambeke ukufana nawe.

¹⁰² Ngoku, ndiqaphele kule bhodi inkulu, le ithile, ayizange ibange nanye, akukho nto, kodwa yabuza nje umbuzo, ukuba wena “Ulambile?” Kwaye awunakuthengisela nabani na into etyiwayo ngaphandle kokuba balambile. Into yokuqala eyenziwa sisibhengezo sentengiso, umntu odlulayo kufuneka ayibone.

¹⁰³ Ngoku, ekuphela kwendlela elinokuthi ihlabathi limbone ngayo uKristu kuxa yena, bona, beMbona kuwe nakum. Yiloo ndlela kuphela abanokuthi bambone ngayo uKristu. Isazela sabo—sabo sindindisholo kukutshona kwelanga, kukubiza kweentaka, emagqabini, kunye—kunye nengca, neentyantyambo; kunye nomculo, noMyalezo nanjalo njalo, esiwuvuyelayo emva kokuba sifumene uKristu. Kodwa, side sifike kwindawo apho sibonakalisa uKristu!

¹⁰⁴ Ngoku, khumbula oko. Ngamnye kuni, ukusukela ngokuhlwanje ukuya phambili, khumbulani, nizibhodi ezinkulu zikaThixo. Kwaye uyi—uyi arhente kaThixo yokubhengeza intengiso. Ngoku, ihlabathi liyakukhangela kuwe, ukuze libone ukuba uyintoni na uKristu. Ke asifuni kudyobha izinto ezininzi apho, ezingqina ngezinto esingezizo ngokwenene. Masiqale sibe koko. Ngoko xana sisiba koko, ngoko ihlabathi liyakumbona uKristu kuwe nakum.

¹⁰⁵ Into yokuqala, leyo, nasiphi na isibhengezo sentengiso, umntu kufuneka asibone.

¹⁰⁶ Emva koko, into elandelayo, kufuneka bayifune. Ngoku, ukuba bayasibona kwaye abayifuni, ngoko yahlukile. Kodwa awukhange ukhuphe intengiso engeyiyo.

¹⁰⁷ Kodwa ukuba bona, kuqala, bamelwe kukuyibona, kwaye ke kufuneka siyenze ibe nomtsalane kubo. Owu, ndiyathemba ukuba siyayibona loo nto, umtsalane wosindiso, into eyenzayo emntwini. Sifanele ukutsalela ihlabathi kuKristu. Kwaye iVangeli inawo umtsalane. Inawo kwabo balambeke uThixo. Itsala kuphela abo balambileyo nabanjaniweyo, kwaye ngabo siphumela bona. “Akukho mntu unokuza kuM, engathanga uBawo waM amsale.”

¹⁰⁸ Kodwa baninzi kakhulu athe uBawo wabatsala, kwaye balambile kwaye banxanelwe ukufumana uThixo, kwaye ukanti abazi apho bangaMfumana khona, ngenxa yokuba abo bamelwe kukuba ziibhodi ezinkulu badyojwe zizinto zehlabathi, de bangabinakho ukubona apho bangenako okungakumbi kunoko babenako ngaphambi kokuba beze kuYe. Baphila njengehlabathi. Bathetha njengehlabathi. Bacula iingoma ezikwazinye ihlabathi elenzayo. Banxiba njengehlabathi, ndithetha, ngokukhethekileyo kwisini sabasetyhini. Kwaye benza njengehlabathi. Baya kwiindawo zehlabathi. Bazimasa ulonwabo lwehlabathi.

¹⁰⁹ Umntu othile wathi kum, ngenye imini, malunga nomlungiseleli othile. Kwaye ndiyayithanda indoda. Akukho ntandabuzo kuphela uyindoda ebalulekileyo. Wathi, “Kodwa watsho ukuba—ukuba naningabaqengqeleki abangcwele,” kum, ukuba ndandingumqengqeleki ongqwele.

¹¹⁰ Ndathi, “Ke, a—a—andiqondi ukuba ndinguye. Kodwa,” Ndathi, “Ndi—ndifuna ukuba ngcwele. Kwaye ukuba iNkosi yakhe yandixelela ukuba mandiqengqeleke, ndiyaqikelela ukuba bendiyakuqengqeleka. Kodwa ndi—ndifuna ukuba ngcwele, nakanjani na, ndiphile ubomi *bobungcwele*, kuthetha ‘ubunyulu phambi koThixo.’”

¹¹¹ “Kwaye ke wathi, ke, ukuba ubaleke waphuma, phesheya kolwandle, nokujikeleza ngolo hlobo, wazenza ummishinari. Akukho bandla likuthumileyo, kwaye uzenze nje ummishinari owenziwe ngesandla.”

¹¹² “Ke,” Ndathi, “ukuba ndenze ummishinari owenziwe ngesandla, ayisayi kutsala umdla wehlabathi, ngenxa yokuba abakhangele okuya. Bakhangelela uKristu.”

¹¹³ Kwaye sifumanisa, ukuba, loo madoda nabantu abacinga ezo zinto... Kukho iindidi ezimbini ezahlukeneyo; UThixo uneendidi ezimbini ezahlukeneyo.

¹¹⁴ Kukho amadoda asetyenziswa nguThixo ukuba ahlale ekhaya, avuyise abagulayo, angcwabe abafileyo, aphuze iintsana, aze atshatise abaselula babo, nanjalo njalo. Uninzi lwaloo madoda alukwazi ukuba yintoni na ukuthwala

ikrele, kwaye aphume apho ephethe ikrele elibanjwa ngezandla zombini kungca ongaphambili. Abazi ukuba yintoni imfazwe, ukulwa notshaba. Baphuma apha, kwaye bangamadoda ahlakaniphileyo, abafundi bezakwalizwi, amadoda abalulekileyo, onokuma kunye ne, babeke intshumayelo elungiswe nje kakhulu, kwaye enokuthetha ngolwimi olunjalo, de uWebster kubenzima ukuyazi into abayithethayo. Bafumene izidanga ekholejini, kodwa oko konke kulungile xana uthetha kwiqela elikrelekrele elikhangela nje icawe elikhaya.

¹¹⁵ Kodwa xana uphumela phaya kwindawo yedabi, apho loo madoda anokugaphezulu kunoko, bamelwe kukuwabona aMandla kaThixo uSomandla ekubonakalalisweni, okanye awusayi kuyithengisa kubo. Bamelwe kukumbona uKristu eluvukweni Lwakhe. Ewe, mhlekazi.

¹¹⁶ Loo madoda akazi ukuba kuyintoni na ukubamba iKrele elibanjwa ngezandla zombini, ukulwa unyathelana uzwane-no-nozwane notshaba phaya. Apho amadimoni namagqwirha, nayo yonke enye into, emi phaya, ecela umngeni kuni kwicala ngalinye. Kwaye apho amadoda, afunda loo Bhayibhile, athi, “Ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, nangunaphakade, mandibone uMoya oyiNgcwele esenza njengoko Wenzayo phaya kudala.” Yabona? Ngoko awukwazi ukuthatha i—inkxaso mali yokufunda kwaye wenze oko.

¹¹⁷ Kuthatha aMandla novuko lukaYesu Kristu ukuvelisa oko. Ewe. Kwaye ngoku oko koko abantu bomthonyama abalambileyo bakhangelana kona. Bamelwe kukuYibona, kwaye bamelwe kukuYifuna.

¹¹⁸ Kwaye yiloo nto inye esi sizwe sinayo. Eso sisizathu, ngobu busuku, sokuba sinazo zonke ezi zilumkiso zemfazwe ye athom, kungokuba izizwe ziYibonile, esi sizwe sinayo, kwaye asiYifuni. Kwaye eso sisizathu sokuba umgwebu oNgcwele ube phezu kwabo. Kungenxa yokuba singaphakathi, silinganiswe esikalini.

¹¹⁹ Ndibone apho uMongameli wethu, uMnu. Kennedy, uTom, ndiyakholwa ukuba igama lakhe nguKennedy, owathumeleyo ngenxa yoku, amagosa amaninzi, ezantsi ngenxa yale mfazwe yocalucalulo. Wathumela ezantsi amakhulu amane anento, ezantsi eMazantsi, ukuya kumisa le mfazwe yocalucalulo. Kwaye xana wagqibayo, kwikhondo lakhe elizeleyo, ababi nako ukuthumela kwakhona, wayenamakhulu amathandathu anamashumi amathandathu anesithandathu ngqo. YayikuLindexesha iTime. Owu, ukuba abantu bebengabomoya kuphela, babenokuvuka baze babone ukuba yintoni na “amakhulu amathandathu, anamashumi mathandathu anesithandathu.” Kanye loo nto babenayo. Oko kukwiTimes yale nyanga.

¹²⁰ Ngoku, sifumanisa, ukuba, bade abantu baqalise ukufuna uThixo, bade abantu baqalise ukunxanwa! UYesu wathi, “Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba baya kuhluthiswa bona.” Ngoku, kufuneka uyilambe kwaye uYinxanelwe.

Sizibhodi zikaKristu.

¹²¹ Kwaye uKristu ungumxhasi wethu, kuba le nkxaso-mali ingoKristu. Kwaye Usinika uBomi bethu, ukuze siMxhase. Ngoku, ubuyakuba ngumntu onjani ukuba ubuxhasa umntu othile? Simele sibe ngabantu abanjani ukuba si—sixhaswa nguKristu? Usinika usindiso. Usinika impiliso yethu. Usinika impilo namandla ethu. Kwaye usinika ukutya kwethu. Usinika amakhaya ethu. Emva koko, sixhaswa nguKristu. Kwaye abantu abangamapentekoste, abazaliswe nguMoya oyiNgcwele, bangabaxhasi bakaYesu Kristu. Bebexhaswe ngemali nguYesu Kristu, kwaye banikwe uMoya oyiNgcwele, ukuba ngumzekelo ebantwini.

¹²² Simelwe kukuba yintoni, namhlanje? Lifanele ukuba phi iBandla, namhlanje? Sifanele sibe kangako, kwenjalo imeko, eya kubangela ukuba lonke ihlabathi lifune ukufana nathi. Kuba abantu behla ngesitrato bathi, “Kukho indoda, endinokuthi ndingavumelani nayo, kwiMfundiso yenkolo yayo. Kodwa ndikuxelela into enye, ngumKristu wenene lowo.” Kufanele ukuba ngabafazi besihla ngesitrato, bathi, “Angakhangeleka eyifashoni yakudala. Usenokungafani nabanye aba bafazi ubabonayo. Kodwa kukho umKristu omnye kule dolophu, ukuba ukho, nanko esiya.” Ngokuba, sixhaswa nguYesu Kristu. Amen.

¹²³ Owu, luhlobo luni lomntu oluya, esifanele ukuba lilo, ukuba sizibhodi ezinkulu Zakhe zentengiso kwaye sixhaswa nguYe? Ngoko, kuKristu, nguYe apho sifumana khona uBomi bethu, kwaye sifumana amandla ethu, kwaye sifumana konke oko esinako, kuvela kuKristu. Ungumxhasi wethu. Owu, ndinombulelo kakhulu ngaloo nto!

¹²⁴ Ke, simele sibe njengaYe. Siyilumkele into esiyenzayo, into esiyithethayo, into esiyenzayo kubomi bethu bemihla ngemihla, kuba sixhaswa nguKristu. Sifanele sihambe njani ukuba sixhaswa nguKristu? Simele sithini xa sixhaswa nguKristu? Ukuba umntu uthetha kakubi ngathi, simele sithini ukuba sixhaswa nguKristu? Simele sibe njengoKristu. Ingaba akunjalo oko?

¹²⁵ Ngoku, ngoku, inye kuphela into...Kwaye enye into emasiyenze, hayi kuphela into, kodwa enye into esimelwe kuyenza thina balungiseleli. Kufuneka sishumayeke iVangeli enomtsalane kwabalambileyo.

¹²⁶ Ngoku, ukuba sishumayela iVangeli yentlalontle, kwaye sithi, “Ke, umelwe kukujoyina ihlelo lethu. Sifumene amawaka amane angakumbi kulo nyaka uphelileyo, kumbutho wethu.”

Ayiyo lo nto. “Ke, ukuba uza ecaweni yam, okanye ube lilungu lecawe yam, siza kubona ukuba ukhathalelwe...xa usibamdala. Kwaye ube lilungu elithembekileyo, kufana nepolisi ye-inshorensi, uyakuhojwa xa umdala. Siyakukukhathalela oko.” Ayingomtsalane lowo.

¹²⁷ Into esifuna ukuyenza kukushumayela iVangeli enomtsalane kwihlabathi elilambileyo.

¹²⁸ Ngoku, ungaba nomtsalane njani kwihlabathi elilambileyo elifuna ukubona apho livela khona, bangoobani, kwaye bayaphi, ngaphandle kokuba ushumayela iVangeli evusa uKristu kwindawo ephilileyo, kanye apha esingqongileyo ngoku? Asinakuyenza. Akukho ndlela. Thina, singajoyina, singajoyina iiMasons, i—i-Odd Fellows, okanye nawuphi na omnye umbutho, ukujoyina umbutho kuya kuba njalo.

¹²⁹ Kodwa kufuneka sishumaye iVangeli enomtsalane kubantu abalambileyo, eyakubambisa abalambele nabaxanelwe ubulungisa. “Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba baya kuhluthiswa bona.” Ngoku, babeza kuba njani? “Amalungisa aya kuhlutha.” Azaliswe ngantoni? UMoya oyiNgcwele.

¹³⁰ IBhayibhile yathi, “UStefano wayeyindoda egcweleyo...” Igcwele yintoni? Egcwele amandla. Egcwele lukholo. Egcwele uthando. “Egcwele nguMoya oyiNgcwele.” Oko koko kwamenza oko awayekuko, kungokuba wayegcwaliswe ngoMoya oyiNgcwele. Wayeyibhodi yokwenyani yentengiso kaKristu.

¹³¹ Xana wayemi apho, ngaloo ntsasa, kwiinkundla zamatyala zeSanhedrin, kwaye bammangalela. Bathi, “Le ndoda,” yonke into eyayiyenza. Waza wema yedwa, nje yena yedwa, ngaphandle phambi kweNkundla enkulu yeSanhedrin. Mhlawumbi ngamawaka amabini okanye amathathu amaJuda, okanye amawaka amahlanu, emi apho ekhomba ngomnwe.

¹³² IBhayibhile yathi, xa wayephuma apho, ukuba, “Ubuso bakhe bakhangeleka njengeNgelosi.” Oko akuthethi ukuba wayenokuKhanya okukhanyayo ebusweni bakhe. Ingelosi yayiyakuba ngumthunywa oyaziyo into awayethetha ngayo. UStefano waphuma apho, engakoyiki ukufa. Wayengoyiki nto, ngokuba wayeyazi into awayethetha ngayo.

¹³³ Njengoko uPawulos watshoyo, “Ndiyamazi Lowo ndimkholiweyo, kwaye ndeyisekile ukuba Uyakwazi ukugcina oko ndikunikele kuYe.”

¹³⁴ Kodwa uStefano waphuma apho, phambi kwaloo Nkundla yeSanhedrin, njengemvu phakathi kweqela leengcuka, ezazibhombolozela igazi lakhe. Kwaye bammangalela, kwaye bolatha umnwe wokutyhola kuye. Wenza ntoni? Wathi, “Madoda, nani bazalwana, uThixo woZuko wabonakala kubawo wethu u-Abraham, xana wayeseMesopotami, ngaphambi kokuba abizelwe ngaphandle.” Waqhubela phambili wayizisa

ukwehla, yonke imbali ka-Abraham, nendlela awayeyakuthi ngaye azingenise iiNtlanga. Kwaze xana wafika ndaweni ithile...Khangela kuye, ezele nguMoya oyiNgcwele. Babeza, belindle, babengenakulinda de babe nokumbeka izandla. Wathi, “Nina bantamo zilukhuni, bangalukileyo ngentliziyo neendlebe, nihlala nimchasa uMoya oyiNgcwele. Njengoko benzayo ooyihlo, nani ninjalo.” Wayeyibhodi yentengiso kaThixo.

¹³⁵ Kwaye xana bamxuluba ngamatye ukuba afe, bamkhuphela ngaphandle komzi baze bambetha ngamatye wafa, xana wayesifa, wayiphakamisela eZulwini intloko yakhe waze wacelela ukuxolelwa kwabo babemxuluba ngamatye, okukwakunye uYesu awakwenzayo emnqamlezweni.

¹³⁶ Ngoko, uThixo wabona ibhodi Yakhe encinci yentengiso iwiswa. UStefano wakhangela phezu eZulwini, wathi, “Yabonani, ndiwabona amazulu evulekile, noYesu emi ngasekunene kukaThixo.” Waze walala engalweni zikaThixo. Wayeyibhodi yentengiso yehlabathi elilambileyo.

¹³⁷ Uthi, “Ke, babebangaphi ababephaya? Uthe mhlawumbi kwakukho amawaka amahlanu. Bangaphi kubo abasindiswayo?”

¹³⁸ Kwakukho omnye. Akazange ayamkele ngoko nangoko, kodwa kwiminyaka kamva. Haleluya! Ndaweni ithile, impembelelo yakho ayize ife. Kwakukho omnye owayephetha idyasi, uSawule, laa mFarisi uselula wayemi apho, wacebisana waza wanikela ubungqina ngokufa kwakhe. Kodwa wathi akubona eso sibhengezo saMandla kaKristu ovusiweyo kuloo mfo mncinane, ayizange imke kuye. Laa ndoda ikwanye, uPawulos, leya yayimi apho ngaloo ntsasa, yakhokelela amashumi amawaka emiphefumlo kuKristu, ngenxa yokuba indoda enye yayikulungele ukunikela ngobomi bayo ukuze ibe yibhodi yesibhengezo zikaYesu Kristu.

¹³⁹ Kufuneka senze ntoni namhlanje? Akunamsebenzi, akufuneki sibe nabaphulaphuli abaninzi. Akuyomfuneko ukuba sishumaye kumawaka alishumi. Akunyanzelekanga nokuba nkqu sishumaye. Sinokuba yibhodi yentengiso kaThixo. Wazi njani ukuba ubomi bakho busenokungaqalisi omnye umfana kwiVangeli? Abanye kuni madoda amadala, bone abafazi abadala, niqalise umfana entsimini phaya, oyakuzuza ishumi lamawaka emiphefumlo kuKristu, ngenxa enokuba wambona uKristu kuni, ukuba wamvelisa uKristu kuye, ngaMandla alula eVangeli. Ewe.

¹⁴⁰ Ndinga ukuba siyamdinga uKristu. Ewe, mhlekazi. Ekuphela kwendlela esimbona ngayo uKristu kuxa ebonakala komnye nakomnye. Ndibona uKristu kuwe. UMbona kum. Yiloo ndlela esimbukela ngayo uKristu. Ndiyeza emhlanganweni. Ndiyaqalisa ukushumayela. Ndibukele abantu. Unokubona

ukuba banomdla okanye hayi, imizuzu nje embalwa. Ujonga phezu kwabaphulaphuli bakho. Unokwazi ukuxela ukuba uyabadika na okanye awenzi. Yabona? Kwaye into yokuqala uyazi, ubabona behleli phaya, bejinga kulo lonke iLizwi, bephantsi kolindelo. Yabona? Ndibona uKristu ebonakalaliswa kuloo mntu, ngokuba ulambeke kwaye unxanelwe uThixo.

¹⁴¹ Ngoko, mna, ndishumayela iVangeli, ubona uKristu ebonakalalisa kum. Ndibona uKristu ebonakalisa kuye. Oko kuthetha ukuba uKristu uphakathi kwethu ngoko. Amen. “Ukulamba nokunxanwa.” Ndibabukela abaphulaphuli, indlela abayithatha ngayo. Nditsho enye into, ndikhangele ukuba yintoni na—yintoni na umphumela Ewuthathayo kubo. Bubukele ubuso babo bukhanya, buzele luvuyo. Balungele ngoko nangoko ukwamnkela into. Lowo nguKristu. Ndibona uKristu ebonakalisa kuloo mntu ngenxa yokuba iVangeli, iVangeli elula kaKristu, ibambekele kuloo ntliziyo, ngokuba belambile, banxaniwe.

¹⁴² Kwaye ndibonise ibhodi enkulu yentengiso apha, isibhengezo sentengiso. Loluphi uhlobo lwesibhengezo sentengiso? Hayi kwimfundo yenkolo ethile, hayi kumgaqo othile owenziwe ngumntu, kodwa kuKristu ophila ngokufanayo namhlanje, njengokuba Wayenjalo phaya emva, kuba isekwanguYe izolo, namhlanje, nanganaphakade. Amen. Kunjalo. Babona la mandla kaThixo eshukuma, Wajonge phezu kwezakhiwo, kwaye Wabone echonga abantu, acalule iintliziyo zabo, aphilise abagulayo, atyhile iimfihlelo zentliziyo yabo, avule iindlebe ezingevayo, enze iimfama zibone. Ingaba yintoni? Inomtsalane. Yibhodi yophawu kaKristu. Kwaye abantu bayaYibona, baze bahlangane, badumise uThixo. NdiWabukele kubo xana bedumisa uThixo. BaWabukele apha, xa Esiya ngale ndlela. Ke, ngomnye nomnye, sibona uKristu ebonakalisa ukuKhanya Kwakhe. Ngoku, akunamsebenzi nokuba ndingaWabonakalisa kangakanani na *apha*, ngaphandle kokuba Abonakalalisa kuwe, kananjalo, asinakuze siWaqonde.

¹⁴³ IVangeli ibingasayi kusebenza ngaphandle kokuba kubekho umntu oza kuYithabatha. Kuyakubakho abaninzi abangayi kuYithabatha. Kodwa abo baYithabathayo, iyakubonakalalisa kubo.

¹⁴⁴ Yayinokuba ngamawaka amahlanu ngaloo ntsasa ekubulaweni kukaStefano, kodwa kwakukho omnye Eyabonakalaliswa kuye. Nkqu nasekupheleni kobomi bakhe, wathi ngoko, “Andifanele kubizwa ngokuba ndingomnye wabangwele,” wathi, “ngokuba ndalitshutshisa ibandla likaThixo, ndada ndesa ekufeni.” Ukuvuma kwakhe ukuxulutywa ngamatye kwaloo mfeli-nkolo, uStefano, akuzange kumke kuye uPawulos. Wathi, “Ndalitshutshisa ibandla, ndada ndesa ekufeni.” Yabona? Ayizange imke kuye, ngokuba wabona uKristu ebonakalaliswa.

¹⁴⁵ Wakwenza njani oko uStefano? Akazange enze nayiphi na imimangaliso, nangona wayesazi ukuba uKristu wayengumenzi wemimangaliso. Wayewazi onke la mandla nezinto ezinjalo. Kodwa wenza ntoni? Wanikela nje ubomi bakhe ngendlela yokuba babone ukuba yayingamandla kaKristu. Amen.

¹⁴⁶ Usenokungaze ubone umbono. Usenokungaze ubeke izandla zakho kumntu ogulayo, kwaye uve amandla kaThixo uSomandla enze indoda engamathambo ibuyele ebomini kwakhona. Usenokungaze uMbone emi phaya ngaphaya kwiminyama emithathu okanye emine. Usenkungaze uwubone umfanekiso Wakhe. Usenokungaze ulive ilizwi Lakhe. Kodwa usenako ukuba yibhodi yomqondiso eya kubonakalisa uYesu Kristu, ngobomi obuye basulungeka kwaye obungakrexezwanga ehlabathini. Ukungaxutywa zizinto ezimdaka kubomi bakho; kodwa into enyulu, yona eyakubangela ukuba intliziyo elambileyo ilambe kwaye inxanelwe ukuba ibe njengawe. Amen.

¹⁴⁷ Niyityuwa yehlabathi. “Ukuba ityuwa ithe ayaba nasongo, yothi wani na ukuvakaliswa?” Injalo lo nto. Ukulamba nokunxanwa! “Malukhanye ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, babone izinto enizenzayo, baze bamzukise uBawo oseZulwini.” Ukulamba! Iibhodi zemiqondiso! Ukucinga! Kuyamangalisa! Ewe, mhlekazi.

¹⁴⁸ Ngoku, kananjalo, asifuni kuyenza le nto. Asifuni ukwenza ukuthengisa okukhawezileyo kwayo, nje ukuthi, “Ke, ndiye ndaguquka phezolo. Haleluya! Ihlabathi lonke...” Awunakukwenza oko. Oko kukuthengisa okukhawulezileyo. Ukuba senza oko, imveliso ayilunganga kangako. Ukuba uphila nje kakuhle, uthi, “Ndiyazi ngelinye ixesha, nda—ndahlala kakuhle iiveki ezimbini emva kokuba ndiguqukile. Ndaphila ezimbini, ndaphila—Ndaphila iiveki ezimbini, ubomi obugqibeleleyo.” Kukuthengisa okukhawulezileyo oko. Oku kufana neliyeza iHadacol esisandula ukuba nalo, akukho nto ngaphandle kweqela lezakhazimba ezihlanganiswe kunye, kwaye alizange lhlale ixesha elide kuphela ithutyana. Ekugqibeleni laphela.

¹⁴⁹ Ufuna ukuba ngumKristu wemihla ngemihla, umKristu weyure neyure, umKristu wonyaka nonyaka, hayi ukuthengisa ngokukhawuleza. Kodwa makukhanye ngokunjalo ukuKhanya kwakho.

¹⁵⁰ Ukuba uthe waya emntwini uze umcele ukuba amkele uKristu, uyakuhleka ebusweni bakho, ungahambi uthi, “Ke, akukho nto kuYo, okanye angaYamkela.” Hayi. Oko kukuthengiswa kweyeza iHadacol. Asithengisi iHadacol.

¹⁵¹ Sithengisa iVangeli, amandla kaThixo ophilileyo, uKristu okwayizolo, namhlanje, nangonaphakade. Ukuba ihlabathi linithiyile, lamthiya uKristu kwangaphambi kokuba linithiye,

ngenxa yesizathu esikwasinye lamqhubela emnqamlezweni. Kodwa singabameli Bakhe. Sizibhodi Zakhe ezinkulu zentengiso. SiyaMbhengeza.

¹⁵² Akufuneki ube nezinto ezininzi ezintle, ezininzi zika, “Gqirha, Ph.D., LL.D.! Ibandla elikhulu, elingcwalisiweyo lika*Nje-na-nje* no*Nje-na-nje*, lasekwa emva phayaa kwinje-na-nje nenje-na-nje! *Sinenje-na-nje nenje-na-nje!*”

¹⁵³ Benze nje balambe. Amen. Elula, ecocekileyo ibhodi enkulu enoKristu ebhalwe kubomi bakho bonke, “Ukuze abantu babone imisebenzi yenu emihle baze bamzukise uBawo osemazulwini.” Yiyo leyo.

¹⁵⁴ Musani ukungcoliswa yinkunkuma yehlabathi. Musani ukuzama ukuzibhengeza njengokuba umntu esitsho, “Ke, ndingowe*Nje-na-nje*, le cawa inkulu. Yeyona cawa inkulu esixekweni.”

¹⁵⁵ Sinomntu okufutshane nendawo yethu phaya phezulu, othe wayishiya icawa encinci apha kuhola wendlela, ukuya kwicawa enkulu, ngokuba, bathi, “Udidi olungcono lwabantu lwaya phaya.” Udidi olungcono lwabantu? Yabona? Abazi. Eyabo—eyabo ingqondo iba nothuli. I—i—ingcoliswe zizinto zehlabathi. Udidi olungcono lwabantu?

¹⁵⁶ Luluphi udidi olulungileyo lwabantu? Abantu abazelwe nguMoya kaThixo. Ukuba bahlupheke kakhulu abazi ukuba isidlo esilandelayo sivela phi. Olo kukuphela kodidi lwabantu oluxabisa nantoni na. Ngabantu abazelwe ngokutsha.

¹⁵⁷ Xana uYesu efika, luhlobo luni lodidi lwabantu ekwakufuneka alufumane? Abangafundanga, abalobi, amadoda...UPetros, umpostile, ingcwele enkulu eyanikwa izitshixo zeZulu, wayengakwazi nokutyikitya igama lakhe; enuka intlanzi esuka kumsi wentlanzi endala nezinto, ifaskoti endala enamafutha. UYesu wathabatha olo didi lwendoda. Namhlanje, bangamkhabela ngaphandle kwenkonzo ukuba uthe wangena, kunjalo, ukuza kunqula. Yabona?

¹⁵⁸ Abantu bakhangelela “udidi.” Kwaye uyamazi umtyholi uhlala kudidi? Ingaba uyazi ukuba yintoni eyabangela idabi lokuqala eZulwini? Kungethuba uLusifa waseka udidi olukhulu lwabantu, waba nodidi olungcono lweeNgelosi, wacinga njalo. Obukhulu, ubukumkani obukhulu ngakumbi, ubukumkani obuqaqambileyo ngakumbi, obuqaqambileyo kakhulu kunobo wayenabo uMikayeli. Kwaye wakhutshelwa ngaphandle eZulwini. Yabona apho udidi luvela khona? Hlala kude kudidi.

¹⁵⁹ Abalambileyo abafuni ludidi. Abalambileyo bafuna ukutya. Ewe, mhlekazi. Ogodolayo ufuna umlilo, hayi umfanekiso, umlilo. Kwaye abalambileyo, abanxanelwe uThixo, bafuna iVangeli namandla kaYesu Kristu. Amen. Akukhathaliseki ilula kangakanani na, indlela—indlela engad...indlela endagumanga ngayo kwihlabathi, bafuna okwenene.

¹⁶⁰ Indoda efayo, indoda eyaziyo ukuba imelwe kukudibana noThixo, ayikhathali nangaluphi na udidi. Ifuna ukufumana uThixo. Ufuna ukufumana isiqinisekiso, sokuba xana isehla isiya emlanjeni, kuya kubakho umntu phaya oza kumhlangabeza aze ambonise indlela. Ifuna into eyi ankilayo ngoku, eyaziyo, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli. Ngemihla yokugqibela, Uyakuma phezu komhlaba.”

¹⁶¹ “Ndeyisekile ukuba akukho nto ikhoyo, into ezayo, okanye eya kuza, indlala, iingozi, okanye nantoni na eyenye, inokusahlula eluthandweni lukaThixo olukuKristu.” Oko koko bakufunayo, bafuna into ethile. . .

¹⁶² Hayi inkolo yokuzenzisa, into ethengiswa ngokukhawuleza, “Kwaye yiza ngapha ujoyine le cawa.” Ndifuna into ethile e. . . Yithi, “Ke, ndiyakwehla ndijoyine ibandla. Ndiya kuba nenkonzo yokungcwalisa, umalusi uya kundibhaptiza ngasese andithabathe andise ebandleni.” Hayi hayi. Asiyiyo. Leyo yenye yazo ezithengiswa ngokukhawuleza. Ayiyi kuhlala ixesha elide.

¹⁶³ Ndifuna inguquko yokwenene yefashoni endalo, indoda okanye umfazi ozimiseleyo ukuphuma athi, “Andilunganga. Ndifuna ukufana nommelwane wam. Ndiyarhalela ukuba ngumfazi njengommelwane wam. Ndifuna ukuba yindoda njengommelwane wam. Ndifuna ukuhamba ngokobuthixo phambi kwabantu, ukuze abantu bacinge ngam ngendlela ababecinga ngayo ngaye. Ndifuna ukufana noYesu Kristu.”

¹⁶⁴ Ngoku, khumbula, ekuvaleni, ndi—ndi—ndiyaqhubeka nje. Kodwa, ekuvaleni, ndifuna ukuthetha oku: Asingobathengisi Bakhe, sizibhodi Zakhe ezinkulu zentengiso. Yabona? Ungacingi ukuba singabathengisi Bakhe. Akafuni nabaphi na abathengisi, nje iibhodi ezinkulu zentengiso kuphela.

¹⁶⁵ Ndandidla ngokusebenzela iPublic Service Company. Kwaye saba nesi sibane seMogul siphumile. Babenokhuphiswano kuso. Nabani na othe wathengisa ezona zibane zininzi, wafumana, owu, ibhaso, na njalo njalo, nepesenti ethile, abayifumana ngokuthengisa. Ke, wonke umntu, wonke umsebenzi, kwakufuneka abe ngumthengisi wezi zibane. Ke, ndaye ndacinga ngento enje, “Ukuba imveliso iqinisekisiwe kum, inkampani iqinisekise isibane kum. Ngoku, ukuba eso sibane silungile, siyakuzithengisa. Kwaye ukuba asilunganga, ngoko ndibeka into eluntwini engalunganga.”

¹⁶⁶ Andizange ndikholelwe kuloo nto. Andikholelwa kwezi zinto zoxinzelelo oluphezulu zabathengisi. Eso sisizathu sokuba ndingayikholelwa lonto kwinkolo. Ukuba ndinemveliso elungileyo, iya kuzithengisa. Injalo lo nto. Iza kuzithengisa.

¹⁶⁷ Ke uyayazi into endiyenzileyo? Ndehla ndaya phaya, ndaza ndathi kumphathi, ndathi, “Ingaba ezi zibane ziqinisekisiwe ngokupheleleyo?”

“Ziqinisekisiwe, ngokuchanekileyo.”

“Aziyi kujika?”

“Hayi, mhlekazi.”

¹⁶⁸ “Kwaye ziqinisekisiwe? Umsebenzi kunye nayo yonke into iqinisekisiwe?”

“Ewe.”

¹⁶⁹ Ndabona zenza ukukhanya okuhle okuthambileyo. Naliphi na ibhinqa liya kuzincoma kwigumbi. Uyayazi into endayenzayo? Ndesuka nje ndalayisha malunga namakhulu amabini azo, ndaze ndaqalisa ukuya kuye wonke umntu endimaziyo.

¹⁷⁰ Wathi, “Ufuna ntoni, ngale ntsasa, Billy? Khange ndilihlawule ityala lam?” Kwafuneka ndiqokelele amatyala.

¹⁷¹ Ndathi, “Owu, ulihlawule ityala lakho. Ndifuna ukwenzela elinye.” Ndathi, “Ndinesibane apha.”

“Owu, andinakukwazi ukusifikelela.”

¹⁷² “Ngoku yima umzuzu. Andizange ndikucele ukuba usithenge. Ndinomthwalo nje onjalo wazo, ndi—ndifuna ukothula esinye endlwini yakho. Usigcine nje iiveki ezimbalwa, kwaye usonwabele, kwaye ndiya kubuya ndisithathe. Sifanele ukuba sizithengise ezi zinto, sizikhuphe nje, ngoko ndiza kusibeka endlwini yakho.”

¹⁷³ “Ke, ngoku, Billy, a—andikwazanga nje ukusithenga. Andinayo imali yokusithenga.”

¹⁷⁴ “Andikhange kwa ndikucele ukuba usithenge, akunjalo? Ndithi nje ndifuna ukusibeka endlwini yakho, ndikuyeke usonwabele.”

“Akukho kudlala?”

¹⁷⁵ “Akukho nantwana yokubambisela. Uyandazi. Ndiza kufika kanye ndidlule ndizokusithatha. Ndiza kuphinda ndisithathe kwiiveki ezimbini. Konke kulungile. Ndiza kubuya ndisithathe. Inye kuphela into endifuna ukuyenza, nje ku. . . Ndifuna ukusothula kwilori yam, ndifumane indawo yokusibeka. Kufuneka ndothule uninzi lwazo apha. Ndi—ndi—ndifuna ukusikhupha kwilori yam. Be—bendingafuni usithenge. Andikucelanga ukuba usithenge. Ndicele nje ukuba usiyeke sihlale apha.”

“Ke, kuyakuthini ukuba siyophuka?”

“Luxanduva lwam olo. Ndim lo ume emva kwayo.”

¹⁷⁶ Bendisazi ukuba isibane besiyakuzithengisa. Bendisazi ukuba yayiyimveliso yokwenene. Ndabeka isibane endlwini. Andikhange ndichole ishumi kumakhulu amabini. Ndiphumelele ukhuphiswano. Ngokuba kutheni? Ngokuba? Isibane sazithengisa. Ukhe wasibona, kwaye ubone ukuba siyintoni na, emva koko uyasifuna. Iza kuzithengisa.

¹⁷⁷ Leyo yinto ekwanye. Akuyomfuneko ukuba sibe nemibutho emikhulu ukuze sithengise uKristu. Akunyanzelekanga ukuba sibe nabashumayeli abafundileyo, kunye nabantu abaphucukileyo abangoosodolophu, nezinto ezahlukeneyo zesixeko. Into esimelwe kukuba nayo nguKristu. Kwaye uKristu uyaZithengisa. Ufaka uKristu entliziyweni yomntu, akufuneki umxelele, “Kufuneka ujoyine lo mbutho, okanye wona lowa.” Sele ethengisiwe kwimveliso.

¹⁷⁸ Ingaba ulambile? “Banoyolo abalambayo nabanxaniweyo.” Silungiselela ukuza kwitafile yomthendeleko ngoku. Kwabo abangekaze, mhlawumbi, abangazange bamthabathe uKristu ebomini bakho. . . Ukuba ungumKristu, ngoku ulambile. Ndibe ngumKristu, amashumi amathathu ananye eminyaka ngoku, kwaye suku ngalunye ndilambela uKristu ngaphezu kokuba ndenzayo ukuqala kwam. Uya esiba mnandi njengoko iintsuku zihamba.

¹⁷⁹ Kwaye ndijonge iibhodi ezinkulu Zakhe ezincinci zentengiso, njengoko ndibabona besihla ngesitrato, ndibajonge apha esibhedlele, bajonge ngeyure yokufa kwabo, bajonge apha xa bekumanqam, jonga ela nenekazi lincinane, indlela elizibamba ngayo apho njengowenene, ingcwele yenene.

¹⁸⁰ Ndema kwikhawuntara, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, ndabukela inenekazi elincinane. [Indawo engenanto eteyiphuni—Mhl.]. . . qala, jika. Lathi, “Ingaba uyamazi uYesu njengoMsindisi wakho?” Yaze inkwenkwe yaphephisa intloko yayo, yabaleka yaphuma ngomnyango, yabona, ayizange ijonge kum. Nantso ke. Owu, belingandazi, kodwa bendilazi. Bendilazi. Ndaliyonga. Litshatile ngoku. Litshate umshumayeli omncinane, kwaye uqhuba kakuhle.

¹⁸¹ Ke yiyo leyo, uyabona, ndiyathanda ukubukela laa bhodi inkulu yentengiso. Ndiyathanda ukuyibukela. I—indenza ndilambe, ndifike kwindawo apho, apho, sinokutya khona, sitye Ukutya kokomoya. Ngokuba, ndandisazi ukuba laa ntombazana yayingengowasecaweni. YayingumKristu. Injalo lo nto. Ehe. Ungaxela.

¹⁸² IBhayibhile yathi, “Nangona uPetros noYohane. . .” (Emveni kokuba beyiphilile indoda esesangweni ekuthiwa Lihle; yayisisiqhwala kwasesizalweni sikanina, yabona, yayingenamandla angako, yayingenakuma ixesha elide, uPetros kwafuneka ayiphakamise ukuze ayihambise. Iphilisiwe. . . Ukususela esizalweni sikanina, yabona. Xana babangenisayo phambi kwebhunga babalela ukushumayela eGameni likaYesu.) “Kwaye baqonda ke ukuba babengenalwazi,” yatsho iBhayibhile. Aba bapostile, uYohane noPetros, babe “ngenalwazi kwaye bengafundanga.” Babengayazi nayiphi na imfundo ngezenkolo. Babengabalobi beentlanzi, bengenako

ukutyikitya igama labo. Kodwa wathi, “Kwakufuneka baqaphele ukuba babekunye noYesu.”

Babeyintoni? Iibhodi ezinkulu zentengiso, iibhodi ezinkulu zentengiso.

¹⁸³ Owu, singaqhubeka. Thixo sincele sibe ziibhodi ezinkulu zentengiso. Wanga lo Mnquba kaBranham ulapha, le ndawo incinane ingcwaliswe kwaye yanikezelwa kuThixo, yanga ingavelisa iibhodi ezinkulu zentengiso kwilizwe lonke apha, eziya kubangela sonke esi sizwe silambelileyo kwaye sinxaniweyo size kuKristu, iyakuba ngumthandazo wam.

Masithobe iintloko zethu umzuzu nje.

¹⁸⁴ Oyena Bawo unobubele, ngokwenene singabantu abanenyhweba yokuba noKristu ebomini bethu nasezintliziyweni zethu. Sinombulelo kakhulu ngaYe, uBawo wethu. Siyazi ukuba ukumazi Yena buBomi. Ingekuko ukwazi imigaqo, ingekuko ukwazi iincwadi, kodwa ukwazi uKristu buBomi. Kwaye, Bawo Thixo, thina siMfumene ngolo hlobo, uMsindisi wethu, uMphilisi wethu (amandla ethu, uncedo lwethu—uncedo lwethu luvela eNkosini), Siyavuma ukuba asinto yanto; asazi nto. Inye kuphela into esiyaziyo okanye esinqwenela ukuyazi: Lowo nguKristu emandleni ovuko Lwakhe. Kuba wonke umntu okukholwayo unoBomi obunguNaphakade.

¹⁸⁵ Kwaye siyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uyakusikelela eli bandla lincinane naba bantu balapha kobu busuku bushushu, kolurhatya lweSabatha apha, behleli kulo mnquba mncinane, womthi, belindele iintsikelelo zikaThixo.

¹⁸⁶ Ambalwa axutyiweyo naqhekekileyo amagama athe anikezwa: ukulamba, kunye nomhambi abone ibhodi enkulu yentengiso. Thixo, senze silambe kwaye sinxanwe kakhulu ukuze sikhangele iibhodi Zakho ezinkulu zentengiso, sibona ubomi bomKristu. Sanga singaba ziibhodi Zakho ezinkulu zentengiso. Wanga Ungabonakalisa uBomi Bakho kumphefumlo olambileyo, ukuze balambe xana bebona ibhodi enkulu esiyibhengezayo: “UKristu, uMxhasi wethu, usinike ubomi obunoxolo bovuyo olupheleleyo kunye namandla emphefumleni wethu.”

Nokuphila ubomi ukuze abantu bafune ukufana naYe; siphe, Nkosi, siphe sonke.

¹⁸⁷ Kwaye kwanga kungabakho abathile apha abangekayifumani loo nto; kodwa ngobu busuku bebefunda, kwaye bejonge ecaleni, ukwehla kuhambo lobomi ukuya kubantu abahlukileyo bakudala abangewe: abo mama badala beentsuku ezadlulayo; laa ndoda abathi bayihleka ekoneni yesitrato becinga ukuba yayi. . . ishiywe ziingqondo, imi phaya phandle ishmayela. Kodwa ngoku bayabona ukuba loo ndoda yayiyibhodi enkulu yentengiso. Yayingumqondiso okhombayo. Laa mama mdala ungcwaliweyo owehla ngesitrato iinwele

zakhe zijijekile kumqolo wentloko yakhe, enxibe ifashoni endala, kwaye noko, thina bantu basebatsha sasinokubahleka kwaye sicinge, “Loluphi uhlobo lwento yakudala iyileya?”

¹⁸⁸ Kodwa siyaqonda, Nkosi, leyo yayiyibhodi enkulu yentengiso esa kuBomi obunguNaphakade. Sagqitha kuyo Bawo. Siyaxolisa. Siyaxolisa. Masibuyeke emva siyirhoxise ngobu bususku, Bawo. Senze sibe njalo. Siphe uBomi. Sifuna ukubonakala njengabangcwele phambi Kwakho. Sifuna ukwenza njengalo. Laa ndoda sithe sathetha kakubi nayo, laa ndoda saxambula nayo, ayizange iphinde iphendule kodwa yayimnandi kakhulu. Yathi, “Kulungile konke, nyana. INkosi ikusikelele.” Kwaye sayihleka ebusweni bayo semka. Owu, Thixo, singazi ukuba leya yayiyibhodi enkulu yentengiso, singazi ukuba laa ndoda yayiyibhodi enkulu yentengiso yokubhengeza uBomi obunguNaphakade kuthi. Wayenaye uKristu ebomini bakhe.

¹⁸⁹ Ngoku, silambile, Nkosi. Siyazi apho siya khona. Sifuna ukuya kule ndawo umqondiso usikhomba kuyo, eKalvari apho sinokufumana olo hlobo lobomi. Apho umphefumlo olambileyo unokwaneliseka. Ehe, ayizomayile ezintathu ezantsi kwendlela. Linyathelo nje elinye ngaphezulu.

¹⁹⁰ Thixo, yenza la moni, ngobubusuku, enze ela nyathelo linye: eze eKalvari ukusuka kubumdaka nesono akuso. Wanga angatsalela phezulu asondele eKalvari kanye ngoku, aze ame, ajonge phezulu, athi, “Nkosi, ndiwubonile umqondiso Wakho, kwaye ndilambile. Zalisa umphefumlo wam olambileyo.” Siphe oko, Bawo.

¹⁹¹ Ngelixa sithobe iintloko zethu, ingaba kuyakubakho abathile apha ngobu busuku abafuna ukutsalela phezulu ecaleni kweKalvari bathi, “Nkosi, zalisa umphefumlo wam olambileyo, undenze ndibe njengomKristu wokwenene, amaKristu eBhayibhile, amaKristu endiwabonayo namhlanje, aphilela uThixo?” Ningathanda ukukhunjulwa emthandazweni? [Umntu uthetha ngeelwimi aze atolike—Mhl.] Ungathanda ukuphakamisa isandla sakho ngoku, kwaye uthi, “Ndikhumbule, Mzalwana uBranham”? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele.

¹⁹² Bawo waseZulwini, kuye kwakho izandla ezininzi ezithe zaphuma. SiyaKubulela, sisiva uMoya Wakho uthetha nathi, ubamemela esithebeni seNkosi. Owu, Thixo, banga bangathabatha ela nyathelo linguNaphakade kanye ngoku (bengasokuze babuye kwakhona), benyuke baye eKalvari, yenza ukukhanya kwabo kukhanye ukususela ngoku, ukuze abanye babone imisebenzi emihle, baze bamzukise uBawo oseZulwini. Siphe oko, Nkosi. Sibanikezela kuWe ngoku, njengeembasa zobabalo, ngeGama likaYesu Kristu.

¹⁹³ Ngeli thuba sihleli, ngeentloko zethu zithotywe ngoku, okomzuzwana nje. Sibone ukuba kukho nabani na ongafuna ukuya phambili, enze isivumo sovumo, ethandaza.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

Ngoku ngeentloko zenu zithotywe, amaKristu makacule.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

¹⁹⁴ Cinga nje xana ilanga likhanya, Yena uyakhathala; xa amathunzi esiwa, Yena uyakhathala. Uthini ngesithunzi se...emfuleni wethunzi lokufa? Usaza kukukhathalela. Awunakukhathalela ngokwaneleyo ngaYe ngobu busuku ukuhamba uze uguqe kunye neli qela lincinane lilapha ngoku? Wenze isivumo sakho, uMxelele ukuba ufuna ukusondela eKalvari, ngoku.

Ukukhathalele.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

¹⁹⁵ Ukwehla ngeendledlana njengoko sihamba, kuwa amathunzi anzulu; kodwa Yena uyakhathala, Akakhe ashiye, akaze ayekele. Ngenye imini, xana sifika esiphelweni sendlela, kwaye siqale phantsi olo hambo lude nolokugqibela, ndilindele ukuba Yena abekho ngaloo mini. Uya kuba khona. UnoMxhasi ngobu busuku, uKristu ufuna ukukuxhasa ukuba ufuna ukwenza ukukhanya kwakho kukhanye, ube yibhodi enkulu yentengiso Yakhe. Awunakuza, ube yibhodi enkulu yentengiso kaKristu? UnguMxhasi wakho. Yiza, Mthabathe ngoku ngeli thuba siculayo.

Ukukhathalele,

Yiya esiguqweni uthandaze ngoku.

...kukhathalele; (Yena uyakhathala,
uyakhathala wena?)

Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele. (Ukuba Yena uyakhathala,
awukhathali na wena? Awunakukhathala na,
ukuba Yena uyakhathala?)

Ukukhathalele,

Yiza ngoku, uguqe nje ngobunono, uthi, “Kristu,
ndiyakhathala.”

...kukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
(Kuthiwani ngokudinwa kunye novalo
kwaye yonke into ikhathazekile?)
Ukukhathalele.

Ukukhathalele,
Uyakhathala... (Xana ugqirha esiza aze athi,
“Onke amathemba amkile.”)
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Usakhathalele...

196 Uthi, “Kodwa, Mzalwana uBranham, ndonile kuThixo.”

Yena uyakhathala... (Ufanele wena
ukhathale. Yena uyakhathala.)
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

197 Uthi, “Mzalwana uBranham, ndinabo endibathandayo.
Ndenze *oku, okuya*.”

Kodwa Uyakhathala. Ukhathala ngokufanayo.

“Ndibe neentliziyi ezininzi ezibuhlungu, Mzalwana
uBranham. Ndinabantwana abaselizweni. Ndinabo
endibathandayo aba...”

Yena uyakhathala... (Ubona wonke
umthandazo, zonke iinyembezi.)
Yena... (Ndinabantwana ababini esiguqweni
ngobu busuku, ke ndiyazi ukuba
Undikhathalele.)
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Yena ukukhathalele.
Uyakhathala...

198 Owu, Thixo, kuyinyaniso kangakanani. Uyasikhathalela,
Nkosi. Isifanelanga ukukhathalelwa, kodwa Wena uyakhathala
nje ngokufanayo. Ukhathale kakhulu de Wanikela ngoBomi
Bakho Buqu ukuze sibe nokusindiswa.

199 Ngokungqonge isiguqo ngobu busuku ngabantwana,
ababudala obuphakathi, abasafikisayo, abadadlana.

Ukhathalele bonke. Uyabakhathalela abancinci. Uyamkhathalela ofikisayo. Uyabakhathalela abantu abadala nabakhubazekileyo. Uyakhathala ngomama osemntsha, utata osemntsha, umama omdala, utata omdala, ngenkwenkwe encinci, intombazana encinci. Uyakhathala. Uyakhathala ngabangakhathaliyo, abo bangakhange babe ngabalumkileyo ebomini, sichithe ubomi bethu ngokuphila uburheletya. Senze yonke into engalunganga. Asilufanele ubabalo Lwakho, Nkosi. Kodwa, Thixo, silambile.

²⁰⁰ Ngokungqonge naba abanye, Nkosi, kumi ababini babantwana bam, unyana wam nentombi yam. Ndiyabathandazela, Bawo. Iyenza ivuye intliziyo yam ukubabona beguqe apha, ngobu busuku, phambi koThixo kayise wabo. Ndisazi ukuba Wandigcina kuyo yonke le minyaka, Uyakubagcina. Wathi, “Ndiya kugcina kwiyure yokuhendwa, ezayo kulo lonke ihlabathi.” Uyasikhathalela, Nkosi.

²⁰¹ Amanye amantombazana amancinci namakhwenkwe aguqe apha. Intliziyo zoomama neentliziyo zootata ziyavuya. Mhlawumbi umama othile, utata, apha, ukuba ababathandayo babo bebehambile iminyaka. Omnye umama omdala othandazayo oseBuqaqawulini, ujonge ngaphaya kwezibiyeli zokukhusela, ngobu busuku, zooBuqaqawuli, ezantsi kwiipaseji zeZulu. Ubona laa ntombi, laa nyana, eguqe ngasesiguqweni.

²⁰² Wena uyakhathala, Nkosi. Ibonisa ukuba Wena uyakhathala.

²⁰³ Ngoku, umyalezo omncinci, othi, “silambe kangaka”; balambile, Nkosi. Wabonakalisa uBomi Bakho kubo. Beza apha ngobu busuku ukuza kuvuselelwa, okanye benziwe ibhodi yomqondiso ukwenzela Wena. Banike ukukhanya kwelanga, Nkosi, entliziweni yabo.

²⁰⁴ Xolela sonke isono. Siphe oko, Nkosi. NgaBakho. Kwaye bazimbasa zomyalezo ngobu busuku, ezinikelwe kuKristu omkhulu owafela eKalvari. Banga bangeza, Nkosi. Wathi, “Nantoni eniyicelayo, kholwani ukuba nizuza oko nikucelayo, kwaye niyakukuzuza.”

²⁰⁵ Ndicelela usindiso wonke umphefumlo kanye ngoku kwesi siguqo. Ndicela, Nkosi, ukuba bayakuba yibhodi yemiqondiso, ukusukela ngobu busuku ukuya phambili; ukuba kubomi babo, ubomi babo bemihla ngemihla buya kubonisa uYesu Kristu, ukususela koyena mncinane ukusa koyena mdala; ukuba abasayi kuze babulibale obu busuku; ungaze uyilibale le ngoma, *Yena Uyakhathala Ngawe*; kwaye xana babelambile kwaye benxaniwe, Yena uyakhathala ngokwaneleyo ukuba ondle umphefumlo wabo olahlekileyo.

²⁰⁶ Uyasixolela isono sabo, kuba kubhaliwe kwathiwa, “Lowo uya kuliva iLizwi laM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade. Lowo uyakuza kum, andisayi kukha ndimlahlele phandle.” Ngoko kungakhathaliseki,

Nkosi, imeko yomphefumlo wabo, xana bebethe benyuka, ngobu busuku, baguqa kwesi siguqo, beza kuWe, Nkosi. Akunakwenzeka ukuba Wena ungabamkeli, kuba iLizwi Lakho alinakusilela. “Andisayi kukha ndigxothe. Lowo uzayo kum, ndiya kumnika uBomi obunguNaphakade, ndize ndimvuse ngomhla wokugqibela.”

²⁰⁷ Naba, Nkosi, bethabatha uBomi obunguNaphakade khona ngoku, ngokuba Wathi bayakuba nabo, UBomi obunguNaphakade, uBomi bukaThixo Buqu kubo, kwaye babengayi kuza emgwebeni. Kodwa ukuba ibhombu ye athom inokudanyaza, baya kube bemkile ngaphambi kodanyazo. Babeyakuba noBomi obunguNaphakade baze bavuswe, umhla wokugqibela, baguqulwe, benziwe kumila kumbi, bakhutshwe kweli hlabathi basiwe eBuqaqawulini. BangaBakho, Nkosi. Ndibanikezela kuWe njengeebhodi zemiqondiso kuhambo lobomi.

²⁰⁸ Anga amantombazana amancinane angaba yibhodi yomqondiso ezikolweni, amakhwenkwe amancinane abe yibhodi yomqondiso esikolweni. UTata nomama, ibhodi yomqondiso evenkileni, emsebenzini, endlwini, ebumelwaneni. Benze bonke iibhodi zakho zephawu, ngokuba bangaBakho. Njengesicaka Sakho, ndibanikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu.

Yena uyakhathala ngawe,
Ngoku, Yena...

²⁰⁹ Ngoku, ingaba wena uyakhathala ngaYe? Ingaba uyamfuna abe nguMsindisi wakho kwaye uyakholelwa ukuba Uyaligcina iLizwi Lakhe? Kholwa ukuba Uyaligcina iLizwi Lakhe; uze phezu kokholo; kholwa ukuba Uyaligcina iLizwi Lakhe: “Lowo uzayo kum, andisayi kukha ndimlahlele phandle.”

²¹⁰ Nina eniyakuMamkela ngokwabafayo, nikholwe ukuba ngenxa yokuba niguqukile, zixolelwe izono zenu, niyakumamkela njengoMsindisi wenu, kwaye nikholwe ukuba unikhathalele, Ndifuna ukuba niphakame, niguqukele esihlweleni, kwaba baphulaphuli njengobungqina bokuba niyakhala ngaYe, ekubeni Yena enikhathalele. Khumbula, beningenakuza ninyuke nize apha ngaphandle kokuba Ebenikhathalele. Ngoku, niyakhathala ngaYe, ngoko nizakuma ningqine, ngoku, ukuba niyakhathala ngaYe. Ukusukela ngobu busuku ukuya phambili, niyakuba yibhodi yomqondiso kuYe.

Yena uyakhathala ngani.

Yena... (Kunjalo, kunjalo)... wena,
Uyakhathala...

Wena ngoku, ukholwayo ukuba ukukhathalele, kwaye uyaMkhathalela, yima ngeenyawo zakho, ujonge ngasemva kubaphulaphuli ukuze babone. Wathi, “Niya kuNdivuma phambi kwabantu, naM ndiya kunivuma phambi koBawo.”

Usakhathalele . . .

Hlalani nje nimile apha, umzuzwana nje, ukuba niyathanda.

Yena ukukhathalele,
Yena ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Yena ukukhathalele.

Wonke umntu kunye ngoku.

Uyakhathala . . . (NiyaMkholelwa?)

[UMzalwana uBranham ulungiselela kwabo basesiguqweni, kwaye akanakuviwa ngokucacileyo—Mhl.] . . . ? . . . Yena unikhathalele? Kulungile, phakama . . . ? . . .

²¹¹ Ngoku, abaphulaphuli bajonge ngase—ebantwini. Ngoku, sonke . . . nina apha kubaphulaphuli phakamisani nje izandla zenu, kwaye bona esihlweleni, mabaphakamise isandla sabo, wena esiguqweni, phakamisa izandla zakho ngoku, ngeli thuba siculayo:

Yena ukukhathalele,
Yena ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Yena ukukhathalele.

²¹² Ngoku, aba basesibingelelweni, ndiyakubeka amazwi emlonyeni wenu, yitshoni oku: “UYesu wayendikhathalele. Ndeza kuYe, ngoku Yena uyandikhathalela, kwaye ndiyakhathala ngaYe. Ukususela ngobu busuku, ukubheka phambili, ndiya kuMkhonza, kwaye ndiyakuba yibhodi Yakhe yomqondiso ukususela ngoku ukuya phambili, uThixo engumncedi wam. Amen.”

²¹³ Ngoku, abaphulaphuli ngoku mabame ngeenyawo zabo. Njengokuba aba bantu . . . Ndifuna apha esiguqweni ukuba nixhawule omnye nomnye, kwaye nithi, “UThixo akusikelele, mzalwana, dade,” kwaye, “Ndi—ndiyakuthandaza ukuba ube yibhodi yomqondiso kaThixo.” Kwaye ngoko xana bebuyela esitulweni sabo, uxhawula isandla sabo, uthi, “UThixo akusikelele, Mhambi. Ungomnye wethu ngoku, kwaye ndiyakuthandazela ukuba ube yibhodi yomqondiso.”

²¹⁴ Kwaye ukuba beningabhaptizwanga e—emanzini eGameni likaYesu Kristu, iqula liyakuvulwa ethubeni. Konke kulungile.

Uyakhathala . . . ? . . .

Uyakhathala . . .

[UMzalwana uBranham ulungiselela kwabo basesiguqweni—Mhl.] Owu, Thixo . . . ? . . .

Owu, Yena ukukhathalele,
Owu, Yena . . . (Amantombazana amancinane apha phezulu esiguqweni, elila, ebambene ezingalweni zawo.)

Konke ekukhanyeni kwelanga okanye
isithunzi,
Owu, Yena ukukhathalele.

215 Sinike isandi esincinci sengoma ngoku, ye *Imitha yelanga*.
Le yenzelwe amantombazana amancinci kunye namakhwenkwe.
Masiyicile kunye, nina bafo bancinci.

Imitha yelanga, imitha yelanga,
UYesu undifuna ndibe yimitha yelanga;
Imitha yelanga, imitha yelanga,
Ndiya kuba yimitha yelanga kuYe.

Masiyicile sonke kunye.

Imitha yelanga, imitha yelanga, (Makukhanye
ukukhanya kwakho.)
UYesu undifuna ndibe yimitha yelanga;
Imitha yelanga, imitha yelanga,
Ndiya kuba yimitha yelanga kuYe.

Masiphakamiseleni isandla sethu kuThixo kwaye senze eso
sibhambathiso kuYe.

Imitha yelanga, imitha yelanga,
UYesu undifuna ndibe yimitha yelanga;
Imitha yelanga, imitha yelanga,
Ndiya kuba yimitha yelanga kuYe.

216 Ngokuba?

Uyakhathala...

Ngoku, xhawula isandla somnye ngoku.

Yena...(...?...)
...ukukhanya kwelanga okanye isithunzi,
(Unaso iSibhalo?)
Yena ukukhathalele.
Yena ukukhathalele,
Yena ukukhathalele;
Owu, ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Yena ukukhathalele.

Masihlale ngoku, wonke umntu.

217 Bawo wethu waseZulwini, lilixa elinobabalo emnqubeni
xa sinokubona imiphefumlo emininzi isiza esiguqweni,
kwaye iphalaza iinyembezi ze—zenguquko, nokulambela
nokunxanelwa uThixo. Indlela esiKubulela ngayo ngako
oku, nkqu nokweyiseka kubantwana abancinane, ubanyusile
wabazisa.

218 Thixo xa sricula amaculo athi *Ukukhathalele*, siyayazi
loo nto, Nkosi. Nengoma yabantwana abancinci, ethi
Imitha yelanga; “Imitha yelanga, uYesu ufuna ukuba ndibe
yimitha yelanga.” Ngokuqinisekileyo, Wathi, “Malukhanye
ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu, ukuze

bayibone imisebenzi yenu emihle.” Bawo, makungabi kuphela kwaba bancinci, kodwa sanga sonke singaba njengabantwana abancinci njengoko kwakucatshulwe ngaphambili, ukuba, “ngaphandle kokuba sibe njengabantwana abancinci, asinakungena; ezethu ezincinci, ezithambileyo iintliziyi, njengabantwana abancinci, asinakububona uBukumkani bukaThixo.”

²¹⁹ Zanga iintliziyi zethu zingafana nabantwana abancinci. Kwaye sifuna ukuba ngala ndlela, Nkosi, lula ebomini bethu. Akukho nje nto iphakamileyo, akukho nto inekratshi, kodwa ubulula nje, njengabantwana abancinci, ukuKuthanda, nokuKuthobela, nokuKukhonza. Siyazi ukuba asikhangeli bulumko beli hlabathi, ngokuba bubudenge kuThixo. Sikhangela inceba kaThixo kwaye siyathandaza ukuba Uyakubanika inceba bonke abo ba—bafuna inceba. Kwaye kubhaliwe: “Abanenceba baya kwenzelwa inceba.”

²²⁰ Ngoku, sisondela esithebeni seNkosi. Owu, elinjani ukufaneleka ixesha, emva kokubona abaninzi... isiguqo sizeliswe, kukuguquka: amakhwenkwe aselula, amantombazana aselula, abantwana abancinci, abakhulileyo, abaphakathi, ofikisayo, ootata, oomama. Nibabone besiza, besamkela uYesu, benyuka besondela eKalvari ngokuba besiza etafileni yeNkosi.

²²¹ Ngoku, kumfuziselo, Usishiyele imifuziselo emibini kuphela: Omnye wayo yayinguMthendeleko, omnye wawukukuhlamba iinyawo, kwaye (emithathu, yayiyiyo), noBhaptizo, njengemifuziselo: Umthendeleko, Ukuhlanjwa kweenyawo, uBhaptizo. Leyo yimifuziselo, okwangaphandle, esiyeenzayo, ethetha ngomsebenzi wangaphakathi wobabalo. Sifanele ukubhaptiza umntu kwimizuzwana embalwa eGameni likaYesu Kristu.

²²² Bawo, baninzi apha abeza etafileni yeNkosi. Vumela wonke umKristu azi ukuba uYesu watsho oku: “Lowo uyidlayo inyama yaM, alisele iGazi laM, unoBomi obunguNaphakade; ndaye Mna ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.” Siyazi ukuba Wayithetha. Ngoku, Bawo, siyathandaza ukuba Uyakulungisa iintliziyi zethu ekuthambeni nasenguqukwini, ukuze thina bazayo singagwetywa kunye nehlabathi. Sanga singeza njengamaKristu, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

²²³ Ngelithuba bona be... abancedi babantu, okanye, amadikoni ayeza netafile yeNkosi, siza kucula iculo, *Ukho Umthombo Ozele Ligazi, Elitsalwe Emithanjeni Ka Emanuweli*, Ngelixa silungiselela umthendeleko, nje ethubeni, kwaye abancedi babantu bayakuvela, okanye, amadikoni, kwaye bazise itafile yomthendeleko ngelixa sicula oku.

Kukho uMthombo ozele liGazi,
Otsalwe kwimithambo ka-Emanuweli,

Kwaye aboni banyhalwe phantsi
 kwempuphuma,
 Baphulukane nawo onke amabala etyala.
 Baphulukane nawo onke amabala etyala,
 Baphulukana nalo lonke elabo elinetyala...
 (Cinga nje, lonke ibala labo letyala.)
 Kwaye aboni banyhalwe phantsi kwaloo
 mpuphuma,
 Baphulukana nalo lonke elabo letyala...

²²⁴ Ngoku, ngentlonipho, sifunda iLizwi, elifumaneka kwisahluko se-11 sokuQala kwabaseKorinte, umqolo wama-23. UPawulos oNgcwele ethetha nebandla laseKorinte:

Kuba mna ndakwamkela eNkosini oko ndakunikelayo nam kuni, Ukuba iNkosi uYesu kwangobo busuku... eyangcatshwayo yathabatha isonka:

Kwaye xana yakuba ibulele, yasiqhekeza, yathi, Thabathani, nidle: ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kwangokunjalo naye kananjalo yayithabatha nendebe, kwakuba kudliwe, isithi, Le yindebe yomngophiso omtsha osegazini lam: oku kwenzeni, ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla esi sonka, niyisele le ndebe, niyabonakalisa ukufa kweNkosi ide ifike.

Ngoko ke nabani osukuba esidla eso sonka, ayisele indebe yeNkosi, ngokungafanelekileyo, uya kuba netyala lomzimba negazi leNkosi.

Kodwa makazicikide ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, ayisele nendebe leyo.

Kuba lowo udlayo uselayo ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi.

Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abagulayo nabaswele amandla, ...abaninzi balele.

Kuba ukuba thina...sithi sizigwebe, ngesiba asigwetywa.

Kodwa xana sigwetywa, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi.

Ngoko ke, bazalwana bam, xa nihlangene ndawonye ukuba nidle, lindanani.

²²⁵ Ngoku, ekuthobeleni lo mthetho mkhulu, unikwe apha nguPawulos oNgcwele, masikhumbule oku: ukuba sinetyala, nokuba ngandlela ithile nangohlobo luthile,

abalungileyo kuthi banetyala phambi koThixo, kuba kubhaliwe kwathiwa ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu: “Ngoko yibani ngabafezekileyo, njengokuba uYihlo osemazulwini efezekile.” Ngoko sinokufezeka kuphela ngokholo lwethu kwiGazi lakhe elaphalalayo. Kuba akukho nanye into esinokuyenza ukuzinceda, kufuneka sithembele kwinceba yakhe.

226 Ke, ndiya kunithandazela ukuba uThixo anixolele kuko konke ukungafaneleki kwenu. Kwaye ningandithandazela, ukuba uThixo andixolele ngenxa yokungafaneleki kwam? Kuba sisondela esithebeni seNkosi. Siyakuthandaza, sithe cwaka, omnye komnye. [UMzalwana uBranham uyema isiqingatha somzuzu—Mhl.]

227 Siphe oku, Bawo wethu, eGameni lika—likaYesu Kristu, uNyana Wakho. Amen.

228 Ukumela umzimba kaYesu Kristu: esi sonka sinyulu. Wathabatha isonka wasiqhekeza wanika abafundi Bakhe waze watha... wathi, “Thabathani nidle: ngumzimba waM lo, owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukuNdikhumbula.”

229 Masithandazeni:

Bawo wethu oseZulwini, Malingcwaliswe iGama Lakho. UBukumkani Bakho mabufike. Intando Yakho mayenziwe emhlabeni, njengokuba isenziwa eZulwini. Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla. Usixolele izono zethu, njengokuba nathi sibaxolela abo basonayo. Ungasingenisi ekuhendweni, kodwa sihlangule ebubini.

230 Owu, Nkosi Thixo, Mdali wamazulu nehlabathi, Mqambi woBomi obunguNaphakade, noMniki waso sonke isipho esilungileyo, jonga ezantsi phezu koonyana babantu uze usixolele izono zethu, njengokuba thina, ngokuzohlwaya, siqubuda phambi Kwakho, sizizidalwa ezingafanelekanga. Kwaye xana sibona ixabiso awalihlawulayo uThixo ngenxa yezono zethu ngokuthumela uNyana Wakhe, owenziwe wafana nenyama enesono, kwaye umzimba Wakhe oxabisekileyo, ndibona amaxeba ezikhonkwane ezandleni Zakhe, ezinyaweni Zakhe, Iziva zameva entlokweni Yakhe, inxeba phantsi kwentliziyo Yakhe exabisekileyo. Konke oku kwenziwa ngenxa yesono sam nesono sabantu bakowethu. Oku, Nkosi, siyaguquka esonweni sethu.

231 Esi sonka simele laa mzimba uqhekekileyo ekufuneka sisithathe ukwenzela ukukhumbula Yena. Owu, Bawo Thixo, singcwalise esi sonka somthendeleko ukwenzela laa njongo. Sicela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

232 “Kwangokunjalo yathabatha nendebe, emveni kokuba iselile, yathi, ‘Eli liGazi, uMnqophiso oMtsha: oku kwenzeleni ukuNdikhumbula. Kuba ngamaxesha onke enisukuba niyisela, niyakubonisa ukufa kweNkosi, ide Ifike.’”

Thixo onamandla onke, Mdali wamazulu nomhlaba, noMqambi woBomi obulungileyo, uBomi obunguNaphakade, obokuphela koBomi, Bawo Thixo, sinikeza kuWe esi siqhamo somdiliya. Ntoleyo, sikhumbula, kweYakho enkulu, engcwele, exabisekileyo intliziyo, njengokuba Wena, ngobo busuku, waziyo ukuba Wawushiya aBakho obathandayo, Wababizela bucala, wasithabatha isidlo sangokuhlwa, wathi kubo, “Andiyi kuphinda ndisele kwisiqhamo somdiliya, de ndisisele i-... kunye nani ngokutsha kwelikaBawo iZul-... UBukumkani.” Sijonge loo mini xa siyakusela oku kunye naWe ngokutsha eBukumkanini bukaThixo. Obo busuku bukhulu, buphawulekayo buya kufika xa iSidlo sangokuhlwa soMsitho siya kunwenwa esibhakabhakeni, siya kuma apho sikhululwe ngeGazi lo mdiliya olimeleyo.

²³³ Owu, Thixo, yingwalise le wayini yomthendeleko kwinjongo yayo yokumela iGazi leNkosi yethu uYesu Kristu. Kwaye wanga wonke umntu othabatha kwesi sonka newayini, banga bangafumana amandla aNgcwele, uncedo, philise izifo zabo, baxolele izono zabo, Nkosi. Philisa isifo sam undixolele izono zam. Kwaye usenze abantu Bakho, abakhonzi Bakho, kuba sikucela oko, eGameni likaYesu Kristu. Amen. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

²³⁴ ...hlalani kude kuse.

... kwakuba kugqityiwe isidlo sangokuhlwa, umtyholi ngoku ebeke entliziyweni kaYuda Sikariyoti, unyana kaSimon, ukuba amngcatshe;

UYesu esazi ukuba uYise uzinikele zonke izinto ezandleni zakhe, ... ukuba yena ... waphuma kuThixo, kwaye waya kuThixo;

Usuka esidlweni sangokuhlwa, ayibeke phantsi ingubo yakhe; wathabatha itawuli, wabhinqa.

Emva ... wagalela amanzi esityeni sokuhlambela, waqala ukuzihlamba iinyawo zabafundi, aze azisule ngetawuli abeyibhinqile.

Emva koko uza kuSimon Petros: aze athi uPetros kuye, Nkosi, zihlanjwe nguwe na iinyawo zam?

UYesu ephendula ... wathi kuye, Endikwenzayo mna ngoku akukwazi wena ...; kodwa uyakukwazi kamva.

Athi uPetros kuye, Akusayi kuzihlamba iinyawo zam. Umphendule uYesu, wathi, Ukuba andithanga ndikuhlambe, akunasabelo nam.

Wathi uSimon Petros kuye, Nkosi, mazingabi ziinyawo zam zodwa, kodwa ... izandla zam nentloko yam.

Wathi uYesu kuye, Kulowo uhlanjweyo akusafuneki nto selikukuhlanjwa kweenyawo zodwa, kodwa

ucocekile yonke into: . . . nihlambulukile, kodwa hayi nonke.

Kuba ebemazi lowo umngcatshayo; kungoko wathi, Anihlambulukile nonke.

Ke emveni kokuba ezihlambile iinyawo zabo, kwaye eyithabathile ingubo yakhe, kwaye . . . wahlala phantsi kwakhona, wathi kubo, Niyayazi na into endiyenzileyo kuni?

Nina ukundibiza nithi Mlawuli neNkosi, kwaye nikholisile; kuba ndinjalo.

Ukuba ngoko, iNkosi yenu noMlawuli, ndizihlambile iinyawo zenu; nani nifanele ukuhlambana iinyawo.

Kuba ndininike umzekelo, ukuze nenze njengoko ndenze ngako mna kuni.

²³⁵ Kulowo usandula kufika, nokuba usententeni, eli ibilisiko lethu okoko ndingumlungiseleli apha, kwaye iya kuba kude kube yimihla . . . imihla yam ingasayi kubakho. Kulisiko ukuba emva kokuhlamba iiNyawo, thina . . . emva koMthendeleko, siqwalasela ukuhlanjwa kweeNyawo. Ndingcinga ukuba ngumyalelo ovela eNkosini. Abafazi baya kwigumbi elinye kwaye bahlamba iinyawo zomnye, njengomzekelo.

²³⁶ Kwakukho izinto ezintathu kuphela awathi uYesu wasishiyela zona ukuba sizenze. Enye (leyo yayiyeyendalo), enye yazo yayiluBhaptizo lwaManzi; enye, uMthendeleko; kwaye enye yayikukuhlanjwa kweeNyawo. Zonke ezinye izinto, njengokuchukumisa, ukuphatha, nanjalo njalo, zashiywa emnqamlezweni. Kodwa ezi zinto kwathiwa mazigcinwe.

²³⁷ Kwaye sifumanisa ukuba kumashumi amathathu anesithathu eminyaka emva koku, uPawulos eshumayela, okanye, exelela uTimoti, ukuba kwa nomhlolokazi ongaphantsi kweminyaka emashumi mathandathu ubudala akanako ukuthatyathelwa kwiqela lamakholwa, ngaphandle kokuba ugcinwe abaphambukeli, ethandaza imini nobusuku, kwaye ezihlambile iinyawo zabangewe. Ukubonisa ukuba ukuhlanjwa kweeNyawo kwakusagciniwe emva kweminyaka emininzi. Sinerekhodi layo ukuhla ukutyhubela izizukulwana.

²³⁸ Sisalugcinile apha njengendlela yakudala yeBhayibhile; ukuba sikwenza nje ngenxa yokuba ingumyalelo. Ngumyalelo ovela eNkosini ukuba sizenze ezi zinto ade abuye kwakhona, ukubonisa ukuba siyakholwa kuYe, ukuba Wayenza, kwaye Wathi apha, “Ndininike umzekelo, ukuze nenze omnye komnye njengoko ndenze ngako Mna kuni. Ninoyolo nina ukuba niyazazi ezi zinto, nizenze.” Ke kukoko, ukukholelwa kwethu eBhayibhileni, ukuba kufuneka sigcine, emva koMthendeleko, ukuhlanjwa kweeNyawo. Ndingcinga ukuba emva koko yinkonzo yoBhaptizo.

²³⁹ Ndiyazi ukuba kusemva kwexesha kancinci, kodwa khumbulani mhla umphathi wethu wasicela ukuba sisebenze ixesha elongezelelekileyo okanye enye into? Malunga naphi ngokunqula iNkosi? Amaxesha amaninzi babeshumayela ubusuku bonke ngexesha leBhayibhile. Ndikhumbula ngenye imini eBhayibhileni, ekufundeni apho uPawulos, eshumayela ubusuku bonke, umfana wawa ngefestyle waza wafa. UPawulos wahamba waza wawubeka nje umzimba wakhe phezu komzimba waloo mfana, baza ubomi babuyela kuye kwakhona, waza waphila. Kwaye le iseyiVangeli enye, iVangeli kaPawulos, esisashumayela yona, iVangeli kaYesu Kristu.

²⁴⁰ Ke ngoku, abafazi banegumbi *apha* emva, kwaye amadoda anegumbi *apha*. Kwaye ngoku, ukuba ungahlala kwaye ubenakho... ufuna ukubona inkonzo yoBhaptizo... Nabani na kuni ofuna ukubhaptizwa, sinempahla apha elungele inkonzo yoBhaptizo, eyakuthi ilandele ngokukhawuleza oku, ntoleyo eyakuthatha malunga, mhlawumbi, imizuzu esibhozo okanye elishumi ukugqiba ubha-... inkonzo yokuhlamba iiNyawo.

²⁴¹ Kwaye ukuba nina bantu, amadoda okanye abafazi, abangazange bayigcine le nto, kwaye nifuna intsikelelo emphefumleni wenu, nisazi nje ukuba niyayenza, nje, xana ubhinqa itawuli ukuba uguqe ezinyaweni zomzalwana wakho, ukuhlamba iinyawo, khumbula nje ukuba uYesu wabhinqa itawuli ngenye imini, waze waguqa phantsi ukuze ahlambe iinyawo zabalobi. Kwaye Wathi, "Ndininika umzekelo, ukuze nenze omnye komnye njengoko ndenze ngako mna kuni." Gcinani nje oko engqondweni yenu, kwaye ndiqinisekile ukuba kukho intsikelelo phambi kwenu. UThixo anisikelele, ngoku.

²⁴² Mabathi abafazi baye kwela gumbi. Kwaye ukuba ufuna ukuhlala ukwenzela inkonzo yoBhaptizo, hlala nje esihlalweni sakho, inkonzo yoBhaptizo iyalandela le nkonzo kanye apha. Kwaye amadoda azakubuyela emva *apha*, kwaye abafazi bayakubuyela emva *phaya*. UThixo anisikelele.

Kulungile oko, Teddy, gcina umculo uqhubeka. 

61-0903 Malukuhanye Ngokunjalo
Ukhanyiselo Lwenu Phambi Kwabantu
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2026 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org